

# UNXANO

 Enkosi, Mzalwana Vayle. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

Molweni ekuhlweni, sihlobo. Kulicham ukubalapha ngobubusuku. Eli lixesha lam lesibini lokuba lapha kule Grantway Assembly, kunye nomzalwana wam othandekayo, uMack, nabo bonke aba balungileyo abasebenzi apha, kunye namaKristu azibandakanyayo asuka kumabandla ahlukeneyo, uMzalwana Lee Vayle. Kwaye ndisandula kudibana nomzalwana apha, lowo, o—osenyongweni umhlobo kuMzalwana F. F. Bosworth, kwaye andikhange nkqu ndazi ukuba uMzalwana uBosworth umkile ukuya kuhlangana neNkosi. Ndathi, “Ndiziva ngathi ndihlangane no-Elisha owayegalela amanzi ezandleni zika Eliya,” xa babeseluhambeni kwaye ndingazi ukuba uMzalwana Bosworth umkile ukuya kuhlangana neNkosi, kumashumi asibhozo anesine eminyaka ubudala.

<sup>2</sup> Ngoku ndifuna ukubulisa abantu abakunxibelelwano ngomnxeba ngobubusuku, ukunqumleza isizwe, yonke indlela ukusuka eCalifornia ukuya eNew York, naseTexas na—nankwiindawo ezahlukeneyo zesizwe, ukusuka eMaine ukuya eCalifornia. Ke, sine i—indlela yokunxibelela leminxeba, oko kube kuyintsikelelo enkulu. Kwaye ngoku siyaqonda, ngomhlobo wethu olungileyo, uMzalwana Pearry Green, ukuba banaso isixhobo e—esincinci abanokusibeka kumabonwakude wakho, kwaye asiyikuba kumnxeba kuphela kodwa iyakuboniswa kumabonwakude wakho, kananjalo. Kwaye bayajonga malunga nayo ngoku.

<sup>3</sup> Kwaye, uDade Mack, ndiyavuya ukukubona ukhangeleka mhle, uhleli apha kwihadi, ngobubusuku. Kwaye abaninzi babahlobo bam ndibabona ukusuka ezantsi eSierra Vista, kunye noMzalwana Borders...okanye uMzalwana Roberson, ngxebe, osuka e-Indiana; abaninzi. Ndifuna ukuthi kwabakuthi phezulu emnqubeni, ngobubusuku, kukhangeleka ngathi isinqingatha sabo silapha ezantsi apha, nokusuka kumquba eJeffersonville.

<sup>4</sup> Kwaye kumhlobo wam phezulu phaya, uMzalwana Kuhn, lowo nimbizileyo ethubeni, malunga nesokugula, isicelo. Ndiyathandaza ngaso, Mzalwana Kuhn. Yiba nokholo nje. Ungakhathazeki. Iyakulunga.

<sup>5</sup> Kwaye ukuhla ukuya eTexas, uMzalwana Blair, ukuba uphulaphule ebusuku nje, mzalwana wam, khumbula nje oku; okokuba uThixo Okuphumelisileyo kwixesha lokuqala, angakuphumelisa kwixesha lesibini. Kwaye siyakholwa ukuba

uThixo uyakukupha oku. Kwaye sukuthatha obabuxoki bukamtyholi malunga nayo nantoni. Khumbula nje ukuba uThixo nguThixo, kwaye kukho...kwaye Usahleli esenguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye siyamthanda Yena kwaye siyamkholelwa Yena, kwaye siyakuthandaza ngawe.

<sup>6</sup> Kubo bonke abahlobo bethu eCalifornia; kuMzalwana Mercier nakubo phezu apha e-Arizona, nakwezininzi ezinye iindawo, ePhoenix; noMzalwana Williams, nani nonke banxibeleleyo phezu phaya ngobubusuku, konke jikelele, sinombulelo kakhulu; nasezantsi eGeorgia. Kwaye ngenene sinombulelo ngaye wonke ubani ngani. INkosi inisikelele.

<sup>7</sup> Ndinokuziva ndamkelekile ngenene apha ngobubusuku, kwelibandla lihle, i-Assembly of God apha eGrantway, kwaye kunye noMzalwana Mack, umhlobo wam olungileyo. UThixo umsikelele uMzalwana Mack. Ndiyakhumbula ngaxesha lithile eCanada, okokuba waye...Ndandilanda indlela ebuyayo, ngehashe, kude lee ukuya emahlathini, kwaye uMoya oyiNgcwele wathetha nam ukuba mandehle ndithandaze ngoMzalwana Mack. Ngela xesha wayekuxakeka, yaze iNkosi yamphilisa. Kwaye ke ndinombulelo ngoko, nokuhlangana apha ngobubusuku kunye naye, ukunqula iNkosi kuleNyaniso intle.

<sup>8</sup> Indoda ehleli eqongeni, emva kwam, yathi, "Sukuqikelela uyandazi." Yathi, "Ngenye imini wandichola, njengohamba ngokukhweliswa," kwaye, andazi, ndaweni ithile phezu eBoston okanye ndaweni ithile, "eDetroit, ndihamba ngokukhweliswa."

<sup>9</sup> Ndaza ndathi, "Kulungile, ndisoloko ndizama ukuba nento yokupha, ukuba ndinganakho, ukwenzela abo banesidingo."

<sup>10</sup> Kwaye ke, ngobubusuku, sisonke sinesidingo. Kwaye siyathandaza ukuba uThixo uyakusinika isandla ngobubusuku, soncedo, seentsikelelo, ngenceba Yakhe nemfesana.

<sup>11</sup> Ngoku, ndinokufuna ukuthetha ixesha elide, kodwa ndiyakuzama ndingakwenzi oko ngobubusuku. Ngoba, abantu phezu e-Ohio banditsalele, uNksk. Dauch kunye neqela phezu phaya, uMzalwana McKinney noMzalwana uBrown, nabo bonke banxibelele ngomnxeba ukusuka e-Ohio. Sinithumelela imibuliso, kananjalo. Kusemva kwexesha apha eNew York, kwaye ndicingela ukuba kumalunga neyeshumi elinanye okanye ishumi elinesibini intsimbi, ngeli xesha, eNew York. Kwaye amabandla azile alinda de kwaba yile yure, elindile nje inkonzo. Sinombulelo ngabo balungileyo abahlobo jikelele ndaweni zonke.

<sup>12</sup> Ngoku ngaphambi kokuba sivule iLizwi, masithethe nje noMbhali, ithutyana, ngelixa sithobise iintloko zethu.

<sup>13</sup> Bawo waseZulwini Othandekayo, si...iintliziyo zethu ziphuphuma luvuyo, ngecham esinalo lokuba ngabaphilayo apha ngobubusuku, kwaye sihlanganisene kunye nabantu

Bakho. Abantu. . . kwaye sikholelwa ukuhlala ngonaphakade. Ngoku sinoBomi obunguNaphakade, ngokuba, “Wanikela ngoNyana Wakho okuphela komzeleyo, ukuze lowo ukholwayo kuYe angatshabalali, koko abe noBomi obungunaphakade.” Ngokundwendwela Kwakhe apha emhlabeni, Wasifundisa, “Lowo ulivayo iLizwi laM aze akholwe kuLowo Wandithumayo, unoBomi ubungunaphakade; kwaye akasayi kuya emgwebeni, koko udlulile ekufeni wangena eBomini, ngokuba sikholelwa kokuphela kwamzeleyo uNyana kaThixo.” Indlela esikubulela ngayo Wena ngalo mkhulu uMsindisi! Kwaye siyathandaza, ngobubusuku, okokuba oBakhe obukhulu ubuKhona buyakusisikelela kakhulu ngokuhlangeneyo apha, njengoko sifunda eLizwini Lakhe kwaye sithetha kuLo. Makathi uMoya oyiNgewele athathe oko akuse kwintliziyo nganye kwisizwe sonke, Nkosi, naphina apho abantu bahlangene khona kunye.

<sup>14</sup> Sikelela abanye abalungiseleli abasepulpitini. Siyathadaza, Bawo, okokuba Uyakusikelela leGrantway Assembly; umalusi wayo, unkosikazi wakhe, abantwana bakhe; amadikoni, amathenjwa, nebhodi yonke. Kwaye, Bawo, ngokudibeneyo singa singasebenzela ubuKumkani bukaThixo, ngelixa kusekho ukuKhanya okwaneleyo bokubona apho siya ngakhona, ngokuba iyure iyeza xa kungekho mntu unokusebenza. Kwaye, Bawo, ngelixa sisenelicham, sanga si—sanga singalisebenzisa ixesha, Nkosi. Sanga thina, oku kunganikezwa kuthi. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo kumhlaba wonke. Banga uBukhona bukaThixo bungavakala ngemvakalelo kuwo onke amaceba namacala esizwe, ngobubusuku.

<sup>15</sup> Siyaqonda ukuba umgwebo uyabetha. Iziphene ezikhulu ziyenzeka, kwaye isizwe siyangcangazela, nonyikimo mhlaba kwindawo ngendawo. Izinto ezinkulu zembali esivileyo ngazo ngemihla egqithileyo, zomgwebo, kwiBhayibhile yonke, kwaye siyayibona iphindwa kwakhona namhlanje. Isiprofeto sithi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu. Njengoko kwakunjalo ngemihla kaLote, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu,” kwaye siyayibona isenzeka ngoku. “Intliziyo zabantu ziyapheliswa; ixesha likaxakeka; imbandezelo phakathi kwezizwe.” Thixo, siyazi sisekupheleni kwexesha.

<sup>16</sup> Sincede, Nkosi, si—sithathe uMyalezo siwuse kwiceba nakwicala lonke, kuye wonke umntwana othe wammiselela eBomini Wena. Siphe, Nkosi. Sikucela eGameni likaYesu. Amen. Nkosi, sikelela ukufundwa ngoku kweLizwi Lakhe.

<sup>17</sup> Ngoku abaninzi benu bayathanda ngandlela ithile ukujonga eBhayibhileni, apho umshumayeli afunda khona. Kwaye ndifuna ukufunda ngobubusuku, iqela, imiqolo emithathu kwiiNdumiso, Ndumiso 42, nje ukwenzela isiqendwana. Kwaye ndineZibhalo ezithile ezibhalwe apha,

kwaye ndifuna ukubhekiselela kuzo, ukuba ndinganakho, njengoko siqhubekeka kwimizuzu embalwa ezayo, ukuthetha kulomxholo. INdumiso kaDavide. UDavide wabhala iiNdumiso.

<sup>18</sup> Ngoku ngelixa usatyhila, ndingatsho oku. Abantu abaninzi bathi, “Kulungile, ingaba iiNdumiso ziphefumlelwe?” Ngokuqinisekileyo, ziphefumlelwe. Zi. . .

<sup>19</sup> Yonke into ekuyo—ekuyo kule Bhayibhile iphefumlelwe, nokuba yimbali, nokuba ziingoma, nokuba ingayintoni. Iphefumlelwe. Wathi uYesu, “Anilesanga na awakutshoyo uDavide kwiiNdumiso?” Kwaye ngoko ndiyacinga, iiNdumiso, kakade, ziingoma. Kwaye ukuba iingoma ziphefumlelwe nguThixo, ntoleyo, endikholelwayo ukuba zinjalo, kwaye ziprofeta kananjalo, ndiyathemba ndimile ngala mhla xa le ngoma isenzeka.

Kuyakubakho umhlangano emoyeni,  
Kobuya bumnandi, bumnandi kakhulu  
kakhulu;  
Sohlangana nawe, kwaye ndikubulise khona  
ngaphaya;  
KwelaKhaya ngaphaya kwesibhakabhaka;  
Okona kuculwa okungazanga kwaviwa,  
okungazange kwaviwa zindlebe zabafayo,  
Iyakuba yezukileyo, ndiyayibabaza!  
Kwaye OkaThixo uNyana uyakuba  
Ngokhokeleyo  
Kulamhlangano emoyeni.

Owu, ndi—ndifuna ukuba phaya ngelaxesha!

<sup>20</sup> Ngoku iNdumiso 42.

*Njengekhama elitsalela emifuleni yamanzi, wenjenjalo umphefumlo wam ukutsalela kuwe, Owu Thixo.*

Umphefumlo wam unxanelwa uThixo, uThixo ophilileyo: ndiyakufika nini na ndibonakale ebusweni bukaThixo?

*Iinyembezi zam zaba kukudla kwam imini nobusuku, ngelixa abam. . .ngelixa beqhubeka besithi kum, Uph na uThixo wakho?*

<sup>21</sup> Ndingcinga, uDavide, ekubhaleni leNdumiso, makube wayekwimbandezelo. Kwaye kusoloko kuthabatha imbandezelo ukukhupha okona kubalukileyo emntwini. Yona, ngenene, kuxa uThixo. . .esihla kuxa sizila, ngamaxesha amaninzi, ukuze sizibeke kwindawo apho siyakusuka endleleni. Kwaye ndiyacinga, xa uDavide wafika kwezindawo, ngoko waqalisa ukucamngca eNkosini, waqalisa ukucinga malunga nezinto.

<sup>22</sup> Amaxesha amaninzi, uThixo usifaka kwezi—kwezimxinwa iikona apho kuye kufanele sijonge phezulu. Ngamanye

amaxesha kufanele silale ngemihlana esibhedlela, okanye ebhedini ndaweni ithile, ukuze sibe nokujonga phezulu sibone apho iintsikelelo ezinkulu zikaThixo zivela khona.

<sup>23</sup> Ngoku igama endifuna ukuthetha ngalo ngobubusuku, igama elinye eliphuma eBhayibhileni, kwaye elo lifumaneka kumqolo wesi-2, “unxano,” igama: *Unxano*. Bendikhangela kwisichazi magama xa bendikhangela eligama.

<sup>24</sup> Bendicinga malunga ne—nentshumayelo ngelinye ixesha, endayishumayela *Ekunxanelweni UBomi*. Ndaza ndayithatha kwiiNndumiso, nazo, xa uDavide wathi, “imimiselo Yakho,” ndiyakholwa, “ibaluleke kum ngaphezu kobomi.”

<sup>25</sup> Ngoko bendikhangela kwaye ndicinga malunga nelagama “unxano,” ke ndakhangela kwisichazi magama, ukubona ithetha ntoni. Kwaye naku oko uWebster akutshoyo, “Ngumnqweno obuhlungu,” intlungu, xa ufuna into ethile kakhulu kude kube buhlungu kuwe.

<sup>26</sup> Ngoku, ayiyo—ayiyonto ingaqhelekanga, ukunxanwa. Ukunxanwa yinto e—eqhelekileyo. Iyinto elula nje athe uThixo wasinika yona, esinokuba nayo, ukusinika u—umnqweno wento ethile. Maxa wambi uThixo uye, kananjalo, ukunikile i—inqaba yokulawula, into ethile ehlala ngaphakathi kwakho, ethi—ethi ilawule le minqweno yahlukeneyo. Kwaye olu nxano, lenqaba yokulawula ehlala entliziyweni yomntu, yinto uThixo amnike yona uku—ukumlunkisa ngeminqweno eyimfuneko kuye.

<sup>27</sup> Ngoku kukho iindidi ezimbini zonxano. Kukho unxano, lwenyama. Kwaye kukho unxano, kananjalo, lukamoya. Ndingathanda ukufunda oku, oko waktshoyo uDavide, kwakhona.

*Umphefumlo wam unxanelwa uThixo, uThixo ophilileyo: . . .*

<sup>28</sup> Hayi imbali ethile, okanye ethile into ethile eyenzekayo kwiminyaka eyagqithayo, okanye—okanye intsomi ethile eyabaliswa ngumntu othile: kodwa, “uThixo ophilayo,” uThixo owasoloko ekhona. Kwaye umphefumlo wakhe wawunxanelwe la Thixo, hayi okwembali ethile.

<sup>29</sup> Ngoku siyafumana, uThixo ukunika inqaba yokulawula, ukuze akunike izinto ozifunayo. Ngoku, inqaba yokulawula kuwe yileyo ikukhokelayo. Kwaye olu nxano lihamba ngolu lawu- . . . inqaba, inqaba yokulawula, kwaye ikuxelele okudingwa nguwe, ngokwentho yasemoyeni. Inqaba yokulawula emzimbeni, nasemphefumlweni, kananjalo. Kukho inqaba yokulawula emzimbeni, ekuxelela imfuno efunekayo emzimbeni wakho, kwaye iziswa kuwe lunxano. Ngokunjalo, kukho inqaba yokulawula emphefumlweni

wakho, ekuxelela izinto zikamoya onesidingo ngazo, into ethile emoyeni wakho, kwaye, kwaye nawe ngoku ungaxela luhlobo olunjani lobomi olukulawulayo.

<sup>30</sup> Xa u—unokubona yeyiphi iminqweno yakho, ngoko ungaxela, ngako oko, luhlobo luni lwento ethile engaphakathi kuwe, ebangela lomnqweno onawo. Yabona, kukho into ethile onxanelwe yona, kwaye i—kwaye ingakuxelela emphefumleni wakho yintoni lomnqweno, ngohlobo lonxano onalo. Ndiyathemba okokuba ningakuqonda oko.

<sup>31</sup> Kukho i—inqaba yokulawula yomphefumlo, nenyeyezimba, kwaye nqaba nganye yebiza isilumkiso ngemfuno yenye. Nganye kuzo ibiza kwisidingo ngoko umbizi abizela kona, ithumela iliza lesilumkiso.

<sup>32</sup> Umzekelo, i—innyama inxanelwa ukukholisa iminqweno esemzimbeni, kwaye iminqweno kamoya yeyezinto ezisemphefumleni, umnqweno yilonto, kwaye ngamaxesha amaninzi ezi yimfazwe enye ngokuchasene nenyeye. Sifumanisa phaya, into eyingxaki enkulu namhlanje, yokuba abantu abaninzi bazama ukuphila phakathi kwalo minqweno mibini. Kuba, enye yawo inqwenela izinto zomhlaba, enye inqwenela izinto zeZulu.

<sup>33</sup> Njengo Pawulos wathi, echaza kwabaseRoma 7:21, “Xa ndifuna ukwenza okulungileyo, ngoko okubi kusondele.” Xa uzama, wakha wanakho oko kumava, maKristu? Oko xa uzama ukwenza into ethile ebalulekileyo, uye uyokwenza umgudu wokwenza into ethile elungileyo, emva koko ufumanise nako okungalunganga, kwisandla sonke, nje ukukucaphukisa, yonke into othi ubeno. . . Kwaye leyo yenye into elungileyo, oko. Ndingathanda ukutsho oku, okokuba amaKristu angakwazi. Ukuba xa u—xa uqalisa ukwenza into, kwaye kubakho into esoloko izama ukukucaphukisa ekwenzeni oko, yenze nakanjani. Lowo ngumtyholi apho, ezama ukukuthintela ekwenzeni okulungileyo.

<sup>34</sup> Ngoku, amaxesha amaninzi, ndidibana nabantu abathanda ukuba nobuphakuphakwana. Xa befumanisa ukuba bazama ukwenza into, kwaye—kwaye yonke into iyabathintela kuyo macala omabini, bathi, “Kungaba asiyontando yeNkosi.” Yabona? Ngoku sukuvumela umtyholi akuxokise ngolwa hlobo.

<sup>35</sup> Into yokuqala, kukufumana ukuba iyintando kaThixo na, okanye hayi. Kuze emva koko ukuba ufuna ukwazi ukuba ingaba yintando kaThixo, jonga eBhayibhileni. Nantso into ekwe—ekwenza uthi tye, liLizwi likaThixo; kwaye ukuba uyabona ukuba iseLizwini likaThixo, yokuba uyenze.

<sup>36</sup> Njengo, umzekelo, ukufuna ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Amaxesha amaninzi, ndiye ebantwini, bathi, “Kulungile, ndifune uMoya oyiNgcwele, kwaye andimfumani Yena tu. Andikholwa ukuba Ungowam. Lonke ixesha ndiguqa,

ndiyagula. Kwaye ndiya ndithandaze, ukuba ndiyazila, ndiyagula. Kwaye ukuba ndizama ukuhlala ubusuku bonke, ndiyahlala, ndiyozela kakhulu. A—andikwazi kususa iinyawo zam.” Khumbula, lowo ngumtyholi. Ngokuba, uThixo ufuna ukuba ube noMoya oyiNgcwele. Ungowalowo ufunayo.

<sup>37</sup> Amaxesha amininzi uyafumanisa, xa uthandazelwe, emhlanganweni, impiliso eNgcwele, ze kwisuku elilandelayo ufumanise, ngaphandle kwamathandabuzo, ukuba umtyholi uyakwenza oko kuphindeke kabini ukuba kubi kunokuba bekunjalo kusuku olungaphambili. Yabona? Khumbula, lowo nguSathana nje ezama ukukususa kwintsikelelo anayo ngawe uThixo. Yabona? Sukuphulaphula kula mfo. Yabona? Soloko utyhalela phambili.

<sup>38</sup> Ndibe namava ngako oko nje kungekudala kwindlela eya e-Afrika. Ukuba ndakhe ndanalo elingako ixesha lokuba umtyholi wakhe wandixinezelela, yayikukuya e-Afrika kwelixesha lokugqibela. Iba yeyona—emihle kakhulu imihlangano kunye namaxesha endakhe ndawaya ngaphaya kweelwandle. Ndaba, ndiyakholwa, nezinto ezininzi endizigqibayo kwelaxesha lincinci endibe phaya ngalo, ngaphandle kohambo lwam lokuzingela, kunoko ndakhe ndakwenza nakweliphi ixesha. Ndasoloko ndicinga ukuba loo mabandla akandifuni phaya, ndaza ndafumanisa... Ndafumana ileta kothile, yona yayiyiyo, owu, abandifuni phaya, onke amaqumrhu; ndaza ndafumanisa yayiyindoda enye, inesihloko seleta esuka kumbutho, eyayisithi, “Asikufuni,” yayithetha yona nosapho lwayo. Yabona? Ke ngoko xa ndafikayo ngaphaya... Yabona, nje “thina,” yayiyiyo nosapho lwayo; kwaye yayingengabo abantu, konke konke. Ke, ngoku lithafa elikhulu livulekile kuthi.

<sup>39</sup> Uyabona, xa uPawulos wathi, “Xa ndifuna ukwenza okulungileyo, ngoko okubi kukufuphi.”

<sup>40</sup> Uvumela umguquki omtsha eze ngobubusuku esiguqweni, ndaweni ithile apha emnqubeni, okanye—okanye ngaphandle esizweni; kwaye khumbula nje, ngomso, umama uyakuba nomsindo kakhulu ngaphezu kokuba wakhe wanjalo, utata uyakucaphuka, kunye nabo bonke abantwana besikolo. Nayoyonke into iyakuhamba kakubi nje, ngokuba nguSathana ezama ukukujika. Uzama ukukukhupha eNdleleni. “Xa ndifuna ukwenza okulungileyo, okubi kusoloko kukufuphi.”

<sup>41</sup> Ngoku masijonge kunxano, size sikhangele okokuba ingaba ngenene unxano yinto eyindalo. Ndibenabo abantu bendixelela, “Owu, zange ndiyenze. Ndiyakholwa ukuba nje kokwabanye abantu ukufuna ukuba ngumKristu.” Owu, hayi. Oko akukuko. Eneneni yinto eyoyamene nomntu wonke. Iyinyaniso ngokuchanekileyo. Xa sifika kweli lizwe kwimihla yangaphambili, safumana amaNdiya apha. Kwaye amaNdiya,

nangona ayengabahedeni ngela xesha, ayenqula ilanga okanye into ethile. Okoko nje bengabantu, kukho into ngaphakathi kubo, unxano lwendalo, elibiza kuThixo, ndaweni ithile.

<sup>42</sup> Emva emahlathini, nje kungekudala phaya, amakhulu amane anamashumi asibhozo eemayile ukusuka kufutshane nempucuko, esincinci, isixekwana esinamalunga namawaka amathathu abantu, saseBeira, eMozambique. Safumana abemi belozwe abangazange... zange bambona umlungu. Ndafumana intombi yelo lizwe, yayinganxibanga mpahla, (ngamnye kubo phantse banganxibi mpahla), kwaye yayihleli phezulu emthini. Kwaye ndandilandela ingonyama, kwaye nako... Ndeva into ethile njengomntu, ikhala. Le ntombi yelozwe ihleli phezulu phaya, ithe gqa amehlo, iphethe umntwana. Kwaye into eyayiyoyika... Yayikukuphela kwesikhuselo sayo, kukukhwela emthini, ukusuka kwingonyama, ihlosi okanye into ethile, okanye isilwanyana esithile. Kwaye yayindibonile le ntombi, kwaye ivile ukuba yayingumntu, kodwa xa yajonga yabona umlungu! Zange ibone nomnye ebomini bayo, yabona, kwaye yayisoyikela ukufa. Yabona?

<sup>43</sup> Kodwa xa sabafumanayo abo bantu, nkqu nakulandawo isemva kakhulu emva phaya, babenqula. Phambi kokuba sibize ingonyama, bagalela umgubo (yilonto bayityayo) kwigqabi elincinci, baqhweba izandla zabo, babiza kumoya wento enkulu ababengazi iphi (njengengwele engumxhasi okanye into ethile, kumKatolika), ukuba ibakhusele, ukuba bangabulawa ngexesha lokuhlasela kwalengonyama.

<sup>44</sup> Yabona, yinto eyindalo. Akukho ngaphandle kwendalo ukunxanelwa uThixo. Yinto eyindalo. Yinto nje ekufuneka uyenzile. UThixo ukwenze waba njalo. Kwaye ayikokungaphezu komntu, iyinto nje eqhelekileyo ebantwini. Ayiyonto ikhethekileyo yabantu abathile.

<sup>45</sup> Bathi, “Kulungile, ndibone abantu bephila obona bu—bunoloyiso ubomi, abathi basoloko bengaphezu kwendlu, badumisa uThixo. Ndinqwenela bendinokuziva ngala ndlela.” Kulungile, isizathu sokuziva ngala ndlela, lunxano kuwe. Kwaye yinto nje eyindalo. Yeyomntu wonke, ukunxanelwa uThixo.

<sup>46</sup> Ngoku sizakuthatha ezinye zendalo. Unxano lolokuqala. Masithathe, umzekelo, ukunxanelwa amanzi. Njengoko uDavide etshiloyo apha, ukunxanelwa, a “manzi.” Ukunxanelwa amanzi, umzimba ukwisidingo samanzi. Kwaye ukuba akuluniki olwanxano, uyakutshabalala. Uyakoma, kwaye aku—akuyi kuphila. Ukuba akunakusa manzi kolwanxano, ukulikhholisa olwanxano lomzimba wenyama uyakutshabalala kwamsinya. Akuyi kuphila thuba lide. Ungaphila ixesha elide ngaphandle kokutya kunokuba unganakho ngaphandle kwamanzi. Ngokuba, ungazila iintsuku ezimashumi mane (uYesu wayenza), ndiyacinga,



ngaphandle—ngaphandle kokutya, kodwa awunanakwenza oko ithuba elide ngaphandle kwamanzi. Uyakoma nje uze ufe. Kufanele ufumane amanzi. Kwaye—kwaye unxano oluzayo kuwe, kutheni, lelokubonisa ukuba umzimba ukwisidingo sento ethile, ukuwugcina uphila. Umzimba kufanele ube namanzi, ukuze uhlale uphila. Ungamashumi asibhozo anokuthile eepesenti zamanzi nepetroleum, nakanjani, kwaye kufanele ufake ezi zinto ngaphakathi, ukukugcina uphila. Njengoko benditshilo, ukuba akuyihoyi uyakutshabalala.

47 Unxano kanaanjalo lususilumkiso. Yiwotshi esisilumkiso, olwanxano. Umphefumlo uvula iwotshi esisilumkiso, ingxolwana ethile ngaphakathi kuwe ekuxelelayo ukuba ukufa kundandela kufuphi. Okokuba, ukuba akufumani manzi ngokukhawuleza, kufanele ufe. Kwaye yenza ingxolo kakhulu nakakhulu, kude ekugqibeleni uqhubeke ungayihoyi kwaye uyakufa, ngokuba yiwotshi esisilumkiso.

48 NjengoDavide eyichaza apha kwiiNdumiso, “Njengexhama elitsalela emifuleni yamanzi, wenjenjalo umphefumlo wam ukutsalela kuWe, Owu Thixo.” Njengexhama elitsalela emifuleni yamanzi!

49 Ndasoloko ndicinga, njengoko ndifunda oku ngoDavide. UDavide yayiyindoda yamahlathi, umzingeli. Kwaye wazingela ilinqa, kakade. Kwaye abaninzi bethu, kulomhla, siyawazingela. Ixhama lilinqa.

50 Kwaye siyafumana, ukuba wakhe wazibona izinja, izinja ezikhohlakeleyo ziyakulixhakamfula ilinqa. Kwaye zisoloko zilifumana, njenge ngecuka, ibamba. Kwaye ingalixhakamfula ilinqa kanye ngasentla kwekhuselo lendlebe, *apha*, ize idlikidle ubunzima bayo. Ikrazula umqala welinqa, kwaye ilinqa alinandlela ngoko. Kodwa ngamanye amaxesha i—i—inja, njengase Afrika phaya, inja ekhohlakeleyo iyakulibamba ilinqa ecabangeni, ukuba iphose umqala. Iyakulibamba, kwityeli lesibini, ecabangeni. Kwaye ukuba ilinqa linamandla kakhulu kwaye linamendu ngokwaneleyo, linokuyidlikidla isukeinja.

51 Ilinqa linamendu kakhulu. Inja ilichwechwela xa lingajonganga, kwaye xa likwindawo ephezulu enomoya ukusuka kuyo, kwaye—kwaye lona—lona alazi ukuba i—inja ikufuphi.

52 Kuze emva koko, xa inja ekhohlakeleyo ilixhakamfula, ukuba liyakhawuleza kakhulu, ingayilahla. Kwaye, kodwa xa inja isiza ecabangeni, ifumane isixa senyama yexhama. Okanye, xa ixhakamfula entanyeni yalo ngamanye amaxesha, iyakukrazula kufutshane nomthambo wentamo, ize iwuphose. Kwaye ixhama, iyidlikidle, iyakutsala isixikaxika esikhulu senyama emqaleni wexhama, lize igazi liqalise ukuphuma.

53 Emva koko inja iyakulandela kanye emkhondweni wela gazi, emva kwexhama. Kuze xa ubomi bexhama buqalisa

ukuphela, njengokuba igazi, elingumjelo wobomi emzimbeni, xa okuya kuqalisa ukuphela, ixhama liba buthathaka. Izeinja emva koko, okanye ingcuka, isemva kanye kwe xhama.

<sup>54</sup> Ngoku, ukuba ela xhama alinakufumana manzi! Ngoku, amanzi anento kuwo, leyo, xa ixhama lisela amanzi, iphelisa ukopha. Kodwa ukuba alinakufumana manzi ukulipholisa, ngoko i—igazi liqhubeka liphuma ngamandla; ngokuba liyabaleka, lenza intliziyo yalo impompe. Kodwa ukuba linokukhe nje lifumane amanzi, ixhama liyakuphila.

<sup>55</sup> Ngoku kukho isifundo esikhulu phaya, yabona, kwaye uDavide esitsho apha, “Njengexhama elitsalela emifuleni yamanzi, wenjenjalo umphefumlo ukutsalela kuWe, Owu Thixo.”

<sup>56</sup> Ngoku elaxhama liyazi, ngaphandleni kokuba lifumane amanzi limkile. Alinakho nje ukuphila. Ndiwalandele wona amaxesha amaninzi emva kokuba engxwelerhekile. Xa lifika esihlanjeni samanzi, liyakuwela lisele, linyukela ngaphaya kwenduli; libuyele ezantsi, linqumle, lisele amanzi linyuke. Akusokuze ulifumane, okoko nje liyakulandela lamlambo. Kodwa nje lishiye lamlambo, ukuba alinakufumana omnye umfula ndaweni ithile, uyakulifumana nje ngoko nangoko. Kwaye ngoku ixhama liyakwazi oko, ke liyakuhlala kanye namanzi, apho linokufika ndaweni kuwo kanye ngokukhawuleza. Ngoku ungafane ucinge ixhama linempumlo phezulu, lifunyenwe ndaweni ithile apho kungekho manzi?

<sup>57</sup> Kwaye uthi, “Njengexhama linxaniwe okanye litsalela (kukunxanwa) emifuleni yamanzi, wenjenjalo umphefumlo wam ukunxanelwa Wena, Owu Thixo. Ndide ndifumane Wena, Nkosi, ndiyakutshabalala. A—a—andinakuhamba ndide ndifumane Wena!” Kwaye xa indoda okanye umfazi, inkwenkwe okanye intombi, ifumana olwahlobo lokunxanelwa uThixo, izakufumana into ethile. Yabona?

<sup>58</sup> Kodwa xa sifika kuyo, nje embindini, “Kulungile, ndiyakuguqa phantsi ndize ndibone yintoni iNkosi eyenzayo.” Yabona, akunxanwanga ngenene okwangoku. Kufanele ibe lunxano phakathi kokufa noBomi, kwaye emva koko into ethile iyenzeka.

<sup>59</sup> Ixhama, kananjalo apha li. . . Siyafumana ukuba kananjalo linolunye uluvo, lokujojisa, oko kuvula isilumkiso kuso xa utshaba lukufuphi. Linayo, esisilwanyana sincinci, sinalo u—uluvo lokuzikhusela. Kwaye sine—sinesilumkiso esincinci kuso, into encinci, enyumbaza impumlo yaso xa utshaba lukufuphi. Ungafika kumoya wotshaba, kwaye liyazi ukuba ulapho, lize limke. Ngamanye amaxesha isiqingatha semayile kude, lingakujojisa lize lisuke limke, okanye ingcuka okanye nayiphi ingozi. Linakho ukuyiva ngemizwa ngokuba lenziwe ngalondlela. Lilixhama, ngendalo. Kwaye olwaluvo kulo lelo nje uThixo alinike lona, izimvo kulo, zokuba liphila ngazo.

<sup>60</sup> Kwaye ndacinga, ndithelekisa ixhama kumntu onxanelwe uThixo, ngaphambi kokuba utshaba lufike phaya. Kukho into malunga nomntwana kaThixo, yokuba xa wawukhe wazalelwa kuMoya kaThixo, wamkela ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, kukho into malunga nomntu onokuva ngemvakalelo utshaba. Ungathatha umntu xa ethatha iSibhalo, afunde iSibhalo aze azame ukuhlohla into ethile kwesaSibhalo, echaseneyo neSibhalo, umntu ozaliswe nguMoya oyiNgcwele anga [UMzalwana Branham uqomfa umnwe wakhe—Mhl.] kuva oko, kanye ngokukhawuleza. Kukho into ephume ecaleni. Xa efika endaweni, kwaye—kwaye olwaluvo luncinci luthile phaya, elenzelwe ukukhusela ubomi bakho. Aku, akufuneki, ungaze ungene nakweyiphi into ngaphandleni kokuba lelichenekileyo iLizwi likaThixo. Kufanele uhlale kanye nela Lizwi. Kwaye, ngoku, kwaye sikhuselwe ngolwaluvo okoko sikuMoya oyiNgcwele.

<sup>61</sup> Ungaya kulesa, kwaye nje umzekelo, umntu othile athi, kwaye ndiye kulesa kuMarko 16, ndize ndithi, “Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo: Egameni laM bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; okanye bathathe iinyoka, okanye basele izinto ezibulalayo, azisayi kubenzakalisa; ukuba babeka izandla kwimilwelwe, iyakuphiliswa.”

<sup>62</sup> Ngoku, ngoko, ufumana umntu aphakame phaya aze athi, “Ngoku, oko kwakungesigaba sabapostile.” Oko, ngoku, ngokukhawuleza, ukuba ufumene uMoya oyiNgcwele, uphiwe olwaluvo. Luyakukhulula. Kukho into engalunganga phaya. Yabona? Bazama ukulucacisa balususe, okokuba lelomnye umhla, okokuba ngenene akuzidingi ezo zinto namhlanje. Kodwa uYesu wathi, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.” Yabona, kukho into ethile encinci ekhululekayo apha kuwe, ingxolwana, ekwazini ukuba oko akulunganga kwaye oko yindlela yokufa.

<sup>63</sup> Ngoba, wathi uYesu, “Ukuba songeza libe linye igama koKu, okanye sinciphise libe linye iLizwi kuLo, isabelo sethu siyasuswa eNcwadini yoBomi.” Yabona, hayi iSibhalo esinye. Kufanele silitathe Lona ngendlela eLibhalwe ngalo. Kwaye uThixo uyaligada iLizwi Lakhe, ukuba Alenze, kwaye siyazi Lifanele nje libe ngokulungileyo.

<sup>64</sup> Ke ngenxa yoko, akukhathaliseki iyakuthini icawa, uyakuthini umntu othile, ukuba uzalwe ngoMoya kaThixo, uba yinxalenye yeBhayibhile. UThixo wamxelela uHezekile, yena, umprofeti. Wathi, “Thabatha incwadi esongwayo uyitye,” ngoko umprofeti kunye nencwadi esongwayo baba yinxalenye yomnye komnye. Kwaye oko likholwa xa lamkele uMoya oyiNgcwele; uMoya oyiNgcwele ubhale iBhayibhile, kwaye uMoya kaThixo liLizwi likaThixo. “Amazwi Am anguMoya. Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi wayekuThixo,

kwaye uLizwi wayenguThixo. Waza uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu.” AmaHebhere 13:8, “Unguye izolo, namhlanje, naphakade.” Kwaye xa uyinxalenye yelaLizwi, owu, emva koko uvumele into echaseneyo ize kwela Lizwi, [UMzalwana Branham uqomfa umnwe wakhe—Mhl.] kukho ingxolwana evulwayo ngokukhawuleza. Yabona, Yeyokulumkisa ukuba ukufa kusendleleni. Akufanelekanga sikwenze oko. Kukho kanaanalo. . .

<sup>65</sup> La manxano aqhelekile nje. Aqhelekile kumaKristu. Aqhelekile ebantwini.

<sup>66</sup> Kukho kanaanalo unxano lempumelelo. Ke abantu abaninzi namhlanje, indlela esithi sifunde ngayo ukwenzela olunxano! Siqwalasele nje, baqalise edyunivesithi ukunyuka. Kwaye siyehla apho, kwaye abantu bachitha amawaka eedola ukuthumela abantwana babo esikolweni, nase—nasezidyunivesithi nakwanokholeji, nanjalo njalo, ukuya kufumana imfundo, “Ukuphumelela,” bayibiza, “ebomini.” Kodwa ngoku andinanto ichasileyo malunga nayo, ngoku, kulungile konke oko. Kodwa, kum, ungafumana yonke imfundo elizweni, kodwa noko awukayifumani impumelelo eyiyo. Injalo lonto. Ngokuba, oko kuyakukwenzela izinto zibe lula okomzuzwana apha. Kwaye kukho. . .Kodwa xa usifa, ushiya konke oko ngasemva kwakho, nabo bonke obu butyebi sinabo.

<sup>67</sup> Ndandiyitsho ngenye imini, ePhoenix. Ime izicaphula kwakhona, ukuba, “Yonke lempucuko yalemihla, inkqubo yonke yemfundo, inkqubo yonke yezenzululwazi, ichasene neLizwi likaThixo nentando Yakhe.” Impucuko ngokuqinisekileyo. . .Akusayi kubakho mpucuko ehlabathini elizayo, njengalena. Lena yegqwethekileyo impucuko. UThixo Wayenempucuko yokuqala phezu komhlaba, xa Wathetha aMazwi Akhe aza avela, yonke imbewu ngokohlobo lwayo, kwaye kula mpucuko kwakungekho kufa, kugula, ntsizi. Kwaye ngoku sithatha izinto ezikwizululwazi yehlabathi, ezazibekwe apha ukuze zilihlanganise, ziligqwethele kwinto ethile, kwaye oko kuzisa ukufa.

<sup>68</sup> Njengesiqhushimbisi se atomic. Andazi inkcukacha zezi zinto, kodwa ndingakutsho oku ngokuphosakeleyo. Bathabatha i-uranium, ukwahlula i—imolekyuli, ize imolekyuli iqhekeke ibe zii-atoms. Yintoni eyenzayo emva koko? Iyatshabalalisa, phantse, ukubulala. Yonke into esiyenzayo!

<sup>69</sup> Sithatha iyeza, sifake lendlela yenkcukacha nale ndlela yenkcukacha, ukunyanga *oku*, size sikufake kuthi oku. Kwaye yintoni esiyenzayo? Sikrazula into ethile ngenye.

<sup>70</sup> Ngoku ndiyacinga ufundile, funde eyenyanga ephelileyo *iReader's Digest*, ukuba ithe, “Kwesi sigaba esiphila kuso ngoku, okokuba, abafana nabafazi bangafika isiqingatha sobudala phakathi kwamashumi amabini namashumi amabini

anesihlanu eminyaka ubudala.” Cinga ngoko. Amantombazana amancinci agqithe exesheni, kunye namashumi amabini, namashumi amabini anesibini namashumi amabini anesithathu eminyaka ubudala, isiqingatha sobudala. Uyabona, yenziwe ntoni, ibe koku kuxutyani swa kokutya nezinto esizityayo. Yabona, zizinto, ukutya kunye—kunye nobomi esibuphilayo. Abezenzululwazi bazizisile kuthi, kwaye, ekwenzeni njalo, bayanibulala.

<sup>71</sup> Bendise Afrika apho ndibone wona amakwenkwe angazange asela yeza ebomini bawo. Atya inyama eneempethu kuyo. Asela equleni elikhangeleka ngathi linokubulala inkomo. Kwaye ndandidubula into ezinyawo ezingamakhulu amabini, kwaye ndandingenakho ukuyibona ngomabonakude osisixhenxe namashumi amahlanu. Kwaye indoda ekwiminyaka yam yayimile apho, indixelela ukuba iyokubetha phi, ngamehlo ayo. Ngoku, ukuba eyalemhla impucuko yenze into ethile. . . Ndiyaziva ukuba bendinamehlo ayo kunye nesisu sayo, bendiyakuba ngoyena mntu ulungileyo. Ehe.

<sup>72</sup> Kodwa nako ke apho ukhoyo, uyabona, yilonto inzululwazi, imfundo, impucuko, sitshatyalaliswa yiyo. Siyazitshabalalisa. Yaqalisa emyezweni i-Eden, yahamba yaza kulomhla. Kodwa, ukunxanelwa impumelelo!

Ngoko, sinxanelwa ubudlelwana. Siyaya, sifuna ubudlelwana.

<sup>73</sup> Kufana nomfana nentokazi. Ngoku, akukho ngokungeyomfuneko okanye hayi (ndithetha) ngokungekho ndalweni ukuba umfana kunye nentokazi ba—bathandane. Lunxano lothando. Bubudala babo, kwaye ba—bayathandana. Kwaye asinto ingaqhelekanga, yinto nje eqhelekileyo ukuba benze oko.

<sup>74</sup> Ngoku sifumana izinto ezininzi, ebomini zokuba siphila kumzimba wenyama, esinxanelwa zona. Yinto nje ehlala kuthi. Sifuna ukuyenza, sivakalelwa ngokuqinisekileyo ukuba iyimfuneko. Kwaye kuyimfuneko ukuba siyenze.

<sup>75</sup> Sifumana abafazi abaninzi, kulemhla, benxanelwa ubuhle. Ngoku akukho mfazi. . . Yinto eqhelekileyo yokuba umfazi anxanelwe ubuhle. Oko—oko luthuku lwendalo uThixo amnike lona kwaye—kwaye ubuhle bakhe uThixo amnikele bona ukwenzela iqabane lakhe. Kwaye ngoku sifumana ukuba abafazi bafuna ukuba ngala ndlela. Kutheni kunjalo? Kungokuba nje yinto uThixo amnike yona. Kwaye asinto ingalunganga ukuba umfazi abemhle. Bafanele babenjalo.

<sup>76</sup> Kwaye, uyazi, ngabo kuphela izidalwa apho—apho isikhomokazi isesona sihle kune duna, kukuhlanga lwabantu. Zonke ezinye izilwanyana, thatha i—inkomo ukuya kwinkabi yenkomo, ixhamakazi ukuya kwibhadi, isikhukukazi ukuya kumqhagi, umama oyintaka ukuya kutata oyintaka, wosoloko

ufumana inkunzi inkulu kwaye intle. Kodwa kuhlanga loluntu, ibonisa apho kulapho ugqwetheko luvela khona, iyajika; kwaye ngumfazi omhle kakhulu—mhle, kwaye barhalela ukuba bahle.

<sup>77</sup> Hayi njengezinye ezingaqhelekanga izidalwa zalemihla esizibonayo esitratweni; hayi, hayi, hayi olwahlobo lobuhle. Hayi. Ngowona mbi umbono ukuwujonga endakhe ndawubona ebomini bam. Ewe, mhlekazi. Lugqwetho olugqwetha unxano lwenyaniso.

<sup>78</sup> Ngoku, unxano lwenyaniso afanelwe kukuba nalo umfazi, kuku “homba ngezivatho ezindilisekileyo, kwaye abe nomoya wobuKristu.” UTimoti wokuQala 2:9. Ngoku leyo yindlela umfazi afanelwe kukuyinxanelwa. Ngoku ukuba ufuna ukuba mhle, yilondlela ekwenza ubemhle, yabona, ngumoya wobuKristu, nokuvatha ngezivatho ezindilisekileyo.

<sup>79</sup> Owu, bethu, abanye babantu namhlanje ngaphandle ezitratweni! Akunakwahlula phakathi kwendoda nomfazi, kwaye iye—iyeyoyona nto yakhe yambi ukujongeka onokuthi... Andinakho, iye—iye... A—andizange ndabona into efana nayo, njengabantu. Ingaphaya kwabantu. Amehlo aqatyweyo ukubheka phezulu *ngolwahlobo*, kwaye, uyazi, wona loo mehlo angaqhelekanga ngathi licikilishe, kunye nazo zonke iimpahla ezingaqhelekanga ukukhangeleka. Kwaye, kutheni, ayinakho noku... Konke kungaphandle kwesimo, abakhangeliki ngokungathi ngabantu. Kwaye amanye amakhwenkwe phandle phaya, eneenwele zikanywe zehla, ezodade wabo, irollers ngaphambili *apha*, uyazi, kutheni, kukugqwetheka okupheleleyo! Injalo lonto. Ngu—ngu—nguSathana, kwaye uSathana ngumqwethi.

<sup>80</sup> Xa uThixo wenza yonke into emyezweni we Eden, yayithandeka, emva koko uSathana wangena wayigqwetha. USathana akanakudala nto. Mnye kuphela uMdali, nguThixo. Kodwa uSathana ugqwetha indalo yemvelo. Kwaye ngoku ungene kuko (lena ndifuna ukuthetha ngayo ngobubusuku) ukugqwetha i—indalo yemvelo yonxano.

<sup>81</sup> Ngoku, umfazi, njengoko nditshilo ngaphambili, ufuna ukuba mhle. Kukho into ethile kuye, yokuba sisikhomokazi kwaye ufuna ukuba ngala ndlela.

<sup>82</sup> Kodwa indlela abangayo esitratweni namhlanje, inwele zichetywe okwendoda, benxibe iimpahla zamadoda; aze amadoda ajike, enxibe iimpahla zabafazi, kunye neenwele zichetywe njengomfazi. Yabona, lugqwetho, yonke lonto! Ukutya kwenu kugqwethiwe. Ubomi bakho bugqwethiwe. Unxano lwakho, lugqwethiwe. Umnqweno wakho ugqwethiwe. Ngumhla wogqwetho!

<sup>83</sup> Bendithetha apha, kungekudala, nge *Eden kaSathana*. UThixo wathatha amawaka amathandathu eminyaka, waza wenza egqibeleleyo i-Eden. USathana waza wahlwayela

zona iimbewu, wazigoga. Ngoku unamawaka amathandathu eminyaka, kwaye une Eden yakhe yobunzululwazi, kanye kwakhona ekugqwetheni elungileyo.

<sup>84</sup> Kwaye esi sisigaba sokuxubanisa, sokuxubanisa. Bade baba na—namabandla namhlanje, de baxubanisa. Injalo lonto. Bangena apha, baya nje enkonzweni, yindawo yokuphumla endaweni yokuba yinkonzo. Inkonzo yindawo apho abantu bahlanganayo baze banqule uThixo ngoMoya nangeNyaniso. Kwaye namhlanje yindawo yokuphumla. Siya phaya sibe nexeshana lokuxhawula izandla, kunye nobudlelwana, kunye nethile ikofu emnyama emva kwesakhiwo, size sigoduke de kube yiveki elandelayo, kwaye sikwenzile okuluxanduva lwethu lwenkolo.

<sup>85</sup> Ngoku sisigaba esigqwethiweyo. Kwaye uSathana ugqwetha la manxano athe uThixo wawafaka kuni, ukuze ninxanwe. USathana uyawagqwetha. Ngoku ukuba ufuna ukwazi okulungileyo, ugqwetho. . .

<sup>86</sup> Ukuba nina, abafazi, nifuna ukuba bahle, thathani uTimoti wokuQala 2:9, kuko oko “ukuhomba ngezindilisekileyo izivatho—izivatho, kunye nomoya wobuKristu, ubulali, bethobeke amadoda abo,” nanjalo njalo. Yilondlela ekufanele nihombe ngayo, ubomi enibuphilayo.

<sup>87</sup> Ugqwetha indalo enyanisekileyo kaThixo, kunye nonxano lwenyani lukaThixo, lomzimba nomphefumlo, ngenkanuko yesono. Isono, ugqwetho! Ngoku siyafumanisa, umntu namhlanje, indlela abaluthathe ngayo olwagqwetho; ukunxanelwa uThixo, ukunxanelwa ubuhle, nawo onke la manxano. Kuba, ngamanzi, bakujikile oko ekuneliseni oko ngokunxila. Ukunxanelwa uvuyo, wonke ubani ufuna ukuba novuyo; ukunxanelwa ubudlelwane; onke la manxano makhulu athe uThixo wawafaka kuthi, ukuba sinxanelwe Yena. UThixo ukwenze ukuba unxanelwe Yena, kwaye siyazama ukwanelisa oko ngolunye uhlobo lonxano, ngolunye uhlobo logqwetheko lonxano olululo. Yabona indlela engayo enyameni? Yabona indlela engayo emoyeni? Sicinga, okoko nje sijoyine icawa, oko—oko kugqityiwe, kuko konke esifanele kukukwenza. Kulungile, oko akulunganga ngokwenene. Hayi.

<sup>88</sup> UThixo ufuna unxanelwe Yena! “Njengexhama litsalela emifuleni yamanzi, wenjenjalo umphefumlo wam ukunxanelwa Wena, Owu Thixo.” Yabona? Yabona?

<sup>89</sup> Ngoku, ukuba elaxhama lalitsalela kulamfula wamanzi, kungathini ukuba umntu othile uyeza, lize elinye ixhama lize, kwaye lithi, “Yitsho, ndiyakuxelela into e—endinokuyenza. Ndiyazi apho kukho umgxobhozo ezantsi apha.” Kulungile, ixhama alihi kukufuna oko. Lona, oko akuyi kulenzela nto ilungileyo.

<sup>90</sup> Kwaye akukho nto inokwanelisa olwanxano olusemntwini, ade uThixo angene. Kufanele Abenaye, okanye afe. Kwaye akukho mntu unalungelo lokuzama ukulithulisa okanye ukulonezisa olwanxano lungewele, olukuye, ngezinto zomhlaba. Hayi, mhlekazi. Ayibobuthixo ukwenza njalo. Kwaye ukuba unxanelwe uThixo, sukuxhawula izandla nomshumayeli uze ubhalise igama lakho encwadini. Ukuba unxanelwe uThixo, kukho into enye yokulwanelisa, oko kuku, hlangana noThixo. Ukuba unxanelwe uThixo, leyo kuphela kwendlela onokuhlangana ngayo naYe, kukwenza oko.

<sup>91</sup> Kwaye ngoko kukho ingozi enkulu, kananjalo, ukuba akuqapheli okwenzayo kwela xesha. Ukuba unxanelwe uThixo, qiniseka nguThixo omfumanayo. Yabona, qiniseka lunxano lwakho lwanelisekile. Kodwa ukuba uSathana ubenakho ukukugqwetha, ukusuka kulominqweno yendalo, kwaye oko uyakukwenza ukuba unakho, uyaku—uyakwenza ngokulula uzame ukwaneliseka.

<sup>92</sup> Indoda iyaphuma, yintoni eyenza indoda inxile? Kungokuba ikhathazekile kwaye ikrazukile. Kukho into esileleyo kuyo.

<sup>93</sup> Ndandikweka Mayo, apha kungekudala, kwaye ndandiphezulu phaya kudliwano ndlebe. Kwaye kwachazwa koku, ukuba, ukuthetha ngokunxila, kwaye ndabaxelela ukuba utata wam wayenxila.

Bathi, “Yintoni eyayimenza asele?”

Ndathi, “Andazi.”

<sup>94</sup> Wathi, “Kungokuba kwakukho into awaye (yena) eyayingamonelisi, kwaye wacinga angasela ukuyilahlela ngaphandle kwegcinga yakhe.”

<sup>95</sup> Ndayibamba kanye phaya, yabona. YayinguThixo ngenene, wayekuphela konokonelisa olwanxano. UThixo ngoKwakhe kuphela kwento enokwanelisa olwa nxano lomntu, kukwamkela uThixo.

<sup>96</sup> Ngoku uSathana uthatha ezi zinto, njengoko nditshilo, azigqwethe. Ngoko ukuba uya—uya... Ukuba akuyi kunika olwanxano indawo elungileyo ebomini bakho, kwaye unganxanwa uze uthathe izinto uThixo awazinikeza ukuphelisa olwanxano ngazo, ukulikhholisa, ngoko uSathana uyakukuhokelela kwamanye wakhe adamileyo amaqula elihlabathi. Kufanele ube nayo ndaweni ithile. Ukuba akunakufumana kutya, ubuya kutya nasemgqomeni. Yabona? Kwaye ukuba a—ukuba akunakufumana manzi, kwaye ubusifa, ubuya kusela kulo—kulo iqula neloluphi uhlobo, ngokuba uyatshabalala.



<sup>97</sup> Kodwa akukho sizathu soko, xa unxanelwe uThixo, ngokuba uThixo nguThixo ophilayo, hayi okuthile kwembali. “Umphefumlo wam unxanelwa Wena, uThixo ophilayo,” Into ethile enika amanzi aphilileyo, Into eyanelisayo.

<sup>98</sup> Kukho enye indalo, eqhelekileyo, nje unxano olusendalweni, kolwa nxano lomphefumlo. Ungathi, “Mzalwana Branham, ingaba lamphefumlo unxaniwe, ingaba yinto esendalweni?” Ewe, yinto esendalweni ukuba umphefumlo unxanwe. Kwaye iyiyo, kuba uThixo ukwenze ngale ndlela, ukuba ukuze unxanelwe Yena. Ufuna wena unxanelwe Yena. Ngoku, uThixo ukwenze ngolwahlobo. Ebenganyanzelekanga ukuba akwenze ngolwahlobo, kodwa Uyenzile lonto. Kwaye ukuba Ebengakwenzanga ngolwahlobo, ukuze unxanwe, bekuyakubakho ukuzithethelela kwisiHlalo soMgwebo, sokuthi, “A—a—andizange ndanxanelwa Thixo.” Kodwa, akukho kuzithethelela, unalo. Uyakulenza into ethile; ungalwenza umfazi wakho, ungalwenza imoto yakho, ungalwenza into ethile, ungaya ecaweni uzame ukulwanelisa. Kwaye andinanto ichasene nokuya ecaweni, kodwa oko akukokwanelisa. Kukufumana uThixo, uThixo ophilayo, uThixo weZulu, emphefumleni wakho, okwanelisa esasidingo nonxano obunalo.

<sup>99</sup> Ngoku, ngoko, Wakwenza ukuze unxanelwe Yena, nobudlelwane Bakhe. Ngoku, kukho unxano lwenene lobudlelwane. Ngoku siyathanda ukudibana omnye nomnye. Senza oko ngububusuku. Sidibana apha kunye ngobubusuku ngokuba sithanda ukudlelana, omnye nomnye. Kutheni sisenza lonto? Ngokuba kukho into ethile kuthi efuna ukudibana nomnye. Oko yinto esendalweni. Kwaye ngoku sidibana kumhlathanya wokuhlanganisa apha, oko kuyi, ngokuba sonke sinxanelwe uThixo. Yabona? Kwaye ngoko sidibana apha ngokusisigxina, indawo yokuhlanganisa apha yokudlelana. Ebandleni ngobubusuku, apha, kungabakho ezininzi ezahlukeneyo izimvo zobuhlelo, nanjalo njalo; kodwa xa kufikwa kokwakunxanwa, singahlangana kumhlaba wokuhlanganisela, umhlaba omnye: sinxaniwe sonke. Abanye bangakholelwa ekutshizeni, omnye elubhaptizweni, omnye ekugalelweni, okanye nanjalo; kodwa xa kufikwa ekunxanelweni uThixo, si—sifika kumhlaba wokuhlanganisela. Kwaye uThixo usenze ukuze sikwenze oko, ukunxanelwa Yena kunye nobudlelwane Bakhe. Andazi nenye into. . .

<sup>100</sup> Xa ndandiyinkwenkwana, ndiyakhumbula ndandikhuliselwe kolona luhlupheke kakhulu usapho. Kwaye ndikhumbula ngamaxesha amaninzi ndandiyakuhamba nabafo. Ndandingenkunxibela njengokuya kwindawo eziphucukileyo. Kodwa, a—andazi, kukho into ethile malunga nabantu, endandiyithanda. Ndandithanda ukuba kunye nabo. Kodwa ndandi, ngaphezulu okanye ngaphantsi, oko kubizwa, igusha emnyama. Kwaye xa ndasindiswayo

ndaza ndafumana la Nto ithile ngaphakathi kwam, endandiyinxanelwe, u—uMhlobo, uMntu oyakuba sisihlobo kum, uMntu endinokumthemba, uMntu onokuhlala phantsi naye uthethe iingxaki zakho naye. Kwaye xa . . . Ndafumanisa okwakoniseliseka kwenene xa ndafumana uYesu Kristu, lowa wenene uManelisi osusa zonke—zonke . . . okholisa konke ukunxanwa, kwaye akunike iNto ethile e—ejongeka nje ngathi akukho nto enokuthatha indawo Yakhe.

<sup>101</sup> Kwaye ngoku indlela uSathana azama ukugqwetha okukwaneliseka kumphefumlo, olwa nxano lomphfumlo! Uzama ukunika yonke into ukulonelisa. Kwaye uqhatha kakhulu ngalemihla yogqwetho. Eli lihlabathi eligqwethekileyo. Luhlanga olugqwethekileyo. Ngabantu abagqwethekileyo. Yonke into igqwethekile, kwaye ithe chu igqwetheka ide ibe sesona sigaba siqhatha kakhulu esina . . . awakhe nawuphi umntu waphila kuso. Siqhatha kakhulu kunokuba sakhe sanjalo.

<sup>102</sup> Ngoku aku—akunakho ukucinga indlela esiqhatha ngako isizwe, nkqu nabazalwana bethu, njengabantu abangamaMerika.

<sup>103</sup> Ndandithetha ngaxesha lithile eligqithileyo. Ndandisemahlathini iveki ezimbalwa ezigqithileyo ndaza ndafumana i—i—iqokobhe lomdiza lilele ematyholweni. Kwaye lalisithi apho, “Intluzo yendoda ecingayo.” Ndaza ndaqhubeka ukuhla ngamatyhlo indlela encinci, ndaza ndabuya; ndaqhubeka ndiyifake engcingeni yam, “Intluzo yendoda ecingayo, kunye nencasa yendoda etshayayo.”

<sup>104</sup> Kulungile, ndandise World Fair, kwiqela leminyaka eyagqithayo, ndikhumbula xa babenala Yul Brynner nabo bonke ngaphaya, xa babesenza imiboniso yemidiza. Nendlela ababethatha la msi bawubeke ekunqumlezeni iceba le bhasitil, bathathe intloko ka-Q barhugule ngayo lantshongo isuke phaya, baze bayibeke emqolweni wempuku. Kwintsuku ezisixhenxe, yayibanomhlaza kakhulu ingakwazi kuma ngenyawo zayo. Yabona, ukusuka kumidiza omnye! Baza emva koko babonisa indlela oko xa oko kusiya emphungeni womntu. Abanye babo bathi, “Andiyibizeli. Ndiyayimpakuza nje emlonyeni wam.” Bebonisa indlela engena ematheni ize ihle kanye ngendlela nje gqo ngendlela enye, ukuya emqaleni, yabona.

<sup>105</sup> Kwaye le ndoda yathi, “Nibona intetho eninzi malunga nesihluzo.” Yathi, “Ngoku, ukuba unomnqweno,” kukho unxano, uyabona, “umnqweno wokutshaya umdiza, omnye umdiza oqhelekileyo ungonelisa la mnqweno okwexeshana. Kodwa ukuba unesihluzo, kuthatha imidiza emine ukwanelisa,” yathi, “ngokuba ufumana kuphela malunga nesinyé sesine sokutshaya.”

<sup>106</sup> Yaza yathi, “Incasa yendoda etshayayo”? Yabona, akunakubanakutshaya ude ube ufumana itela. Kwaye

xa ufumana itela, ufumana umhlaza. Ke nako ke apho ukhoyo, yabona, yi—yinkqatho nje. Kwaye ndicinga nge—ngenkampani yecuba ekwesisizwe, kwaye—kwaye iphila ngesi sizwe, kwaye ngenkqatho enjeja, ukuqhatha ngokupheleleyo abemi base Merika, ukubalukuhla. Intluzo yendoda ecingayo? Liqinga nje lokuthengisa emininzi imidiza.

<sup>107</sup> Ngoko ndicinga ngalanto, “Intluzo yendoda ecingayo,” ndicinga, “luluvo olulungileyo olo.” Ke kukho intluzo yendoda ecingayo, yile Bhayibhile. Intluzo yendoda e—cingayo eyakuthatha esiSihluzo, iyakuvelisa incasa yendoda elilungisa. Yabona?

<sup>108</sup> Ngoku, akunakugquma amawecwe ale Bhayibhile ngesono. Hayi, iyayinqanda lonto. Iyihluzela ngaphandle. Ngoku, ungaya enkonzweni, uze uthathe nantonina, kodwa akunakuza ngaleBhayibhile kwaye ube nesono. Ayisayi kuyenza. Isihluzela ngaphandle sonke isono, kwaye Inike incasa yendoda engcwele. Ngokuba ukuba indoda icinga ukuba ifuna ukuba ngcwele, kwaye ifane noThixo, kwaye ibe ngunyana okanye intombi kaThixo, ngoko ifuna uhlobo olulungileyo lweSihluzo. Ke Inqanda sonke isono kweli cala iBhayibhile, kwaye Inakho kuphela ukuzisa uMoya oyiNgcwele ngeBhayibhile, obhale iBhayibhile. Yincasa yendoda engcwele, ukuba naleIntluzo yendoda ecingayo.

<sup>109</sup> Ngoku siyafumana kulahlekisa kanjani namhlanje. UMateyu 24:24, uYesu wathi, “Kwimihla yokugqibela, okokuba, imimoya emibini iyakusondelelana kakhulu ide ibenokulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Idlela esondele ngayo! Enjani, olunjani ulahlekiso lo—lokulungileyo nokungalunganga, esinalo namhlanje!

<sup>110</sup> Nkqu nakowethu—nakowethu urhulumente, kwezopolitiko zethu, a—asinayo nkqu nendoda esinokuyibeka ibe ngumpolitiki, eyakumela ngenene oko icinga ukuba kulungile. Baphi oPatrick Henry noGeorge Washington, no Abraham Lincoln bethu banamhlanje? Nje ngoMongameli wethu watshoyo phaya, “Indlela, ukuba bafuna ubukomanisi, banganabo, nantoni na abayifunayo abantu.” Ukuba oko asiyiyo i—indoda engayi kuthetha imbilini yayo! Indoda iyakuma kumqathango, eyakuma kokuya la mqathango... efuna nje ukufumana i—i—indlela yokuchaswa okungekho kukhulu.

<sup>111</sup> Kwaye leyo yindlela abanayo abantu, ecaweni. Bafuna ukuza kujoyina icawa, baze bathi, “Owu, kulungile, yi—yilonto, ndi—ndijoyine icawa ngoku.” Uzama ukwanelisa oluya lukhulu lungcwele unxano athe uThixo walufaka kuwe, laNqaba ilawulayo izama ukukujikela kwinto elungileyo, kwaye uzama ukuyanelisa yona ngokujoyina icawa, ucaphula

imvumo nkolo, okanye into ethile enjeya. Ngelixa, ingeyonto kuphela uBukhona nokuzaliswa nguThixo ngoKwakhe ebomini bakho, okunokwanelisa okuya.

<sup>112</sup> Akasayi kwaneliswa yimvumo nkolo. Akunakuze ugqume laBhayibhile ngemvumo nkolo. Hayi. Akukho nkqu naMvumo nkolo yabaPostile, into engathi, ayisokuze iphumele khona Phaya. Ndibonise eBhayibhileni apho iMvumo nkolo yabaPostile ithi, “Ndiyakholelwa kwicawa iRoman Catholic eNgcwele; ndiyakholelwa kubudlelwana babangcwele”; xa iBhayibhile ithe, “Mnye kuphela umxolelanisi phakathi koThixo nomntu, kwaye lowo yiNdoda uKristu Yesu.” Akusokuze ugqume iBhayibhile ngoko.

<sup>113</sup> Akunakho ukugquma ngayo yonke lemidaniso, nezimfutshane, nezinto abazenzayo abantu namhlanje, okukuzibhija bhija neewatusi, nazo zonke ezi zinto, kwiLizwi likaThixo. Akunakho ukugquma ngoluhlu lwempucuko yalemihla kulaBhayibhile. Ichasene nayo. Yabona? Kwaye uzama ukwanelisa olwanxano, kodwa, uyabona, iya... Le Bhayibhile iyakwanelisa kuphela inkcasa yendoda elilungisa okanye umfazi. Lo Moya uyiNgcwele, abayakuwuhleka, baze bathi, “Nishiywe zingqondo.” Kodwa Oko kwanelisa esasidingo, oko ihlabathi lingazi kwanto malunga nako. Bazenze bagqwetheka, kulo ubhaptizo lwenyaniso lukaMoya oyiNgcwele neLizwi likaThixo, (ukuya kwintoni?) kumgxobhozo, imigxobhozo yecawa, yemigaqo neemvumo nkolo, ne—nezantlukwano zamahlelo, nanjalo njalo.

Uthi, “UngumKristu?”

<sup>114</sup> “NdingumWisile. NdingumBhaptizi. NdingumRhabe.” Ayithethi nenye into lonto kuThixo, nenye into. Akunakugquma ezonto kwiBhayibhile kaThixo apha. Kwaye uzama ukwanelisa olwa nxano lungcwele athe uThixo wakunika lona, ukuba unxanelwe Yena. Ingaba injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>115</sup> Ngoku, niyazi ukuba uDavide wathi apha, “uThixo ophilayo.” Ngoku, “Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi wayekuye uThixo, kwaye uLizwi wayenguThixo. Waza uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu.” Ngoko akunakubakho kwaneliseka lide eliLizwi, elinguThixo, liphile kuwe, emva koko umbone uThixo ngoKwakhe ezalisekisa izithembiso Azenzileyo eBhayibhileni.

<sup>116</sup> Ngoku sinabatoliki abohlukeneyo beBhayibhile. Enye icawa iYitolika *ngale* ndlela, enye iYitolika *ngala* ndlela, ize enye *ngale* ndlela. Ezinye zithatha okuncinci kuYo; ezinye zithatha *apha naphaya*, intwana yaYo. Kodwa uThixo Ungozitolikelayo ngoKwakhe. Xa Esenza isithembiso aze asizalisekise, olo lutoliko lwaso.

117 Ukuba ndikuthembisile ukuba ndizakubalapha ngobubusuku, kwaye ndilapha, oko kukuzaliseka kwesithembiso sam. Ukuba ndithi ndiyakudibana nawe kusasa, ndize ndibe phaya, eso sisithembiso sam. Akukho sidingo sokwenza nasiphi singxengxezo, ndifanele ndibe phaya.

118 Kwaye xa uThixo esenza isithembiso, kwaye emva koko abuye asizalisekise esa sithembiso, oko lutoliko lwesithembiso. Kwaye ndiyakucela umngeni nabani ukuthatha uThixo eLizwini Lakhe, aze abone okokuba ingaba lonke iLizwi kulaBhayibhile aliyoNyani na. Injalo lonto. Yilonto oluya nxano luyiyo phaya.

119 Uthi, “Ukuba ndandiphile ngemihla kaYesu, ndandinokwenza *oku-kunye-noku*.”

120 Kutheni, uphila kwimihla Yakhe. Yintoni esiyenzayo malunga nayo? Yintoni esiyenzayo? Uthi, “Kulungile?” Yintoni oyenzileyo, yintoni lonto mhlawumbi abafaris abayenzileyo. Babengabecawa, kwaye bamphika uYesu Kristu.

121 Sisoloko sisithi namhlanje, abantu bazama ukuthi, “Siyathelekisa. Kufanele sithlekise icwecwe leBhayibhile necwecwe leBhayibhile, iSibhalo ngeSibhalo.” Leyo asiyoNyaniso. Hayi, asiyoNyaniso. “Eli gama lesiGrike lithetha *oku*, kwaye *oku* kuthetha *okuya*.” AmaGrike ngokwawo, emva kwiQumruh iNicaea, nabo ababhali emva phaya, babeneendlela ezahlukeneyo. Omnye wayekhohlelwa ngale ndlela, *esi* sifundiswa somGrike sithetha *oku*, kwaye esinye sithi *oku* kuthetha *ngale* ndlela. Kwaye bayaxambulisana ngaYo. Asidingi toliko lwezifundiswa sesiGrike okanye amagama esiGrike.

122 “Ukwazi Yena buBomi,” uMntu, uKristu ngoKwakhe! Hayi ukuthlekisa. Sisityhilelo athe uThixo wakhela phezu kwaso iBandla Lakhe. Kwaye ukuba asakhi phezu kweliya linye iBandla...iBhayibhile ithe, “U-Abheli, ngokholo!” Kwaye ukholo sisityhilelo esiNgcwele. Yabona, ukholo sisityhilelo esiNgcwele. Kulungile. Yonke Lento yakhelwe phezu kwesityhilelo ngoko, kwaye ngaphandle kokuba oku kutyhiliwe kuwe! Wathi uYesu, “Ndibulela Wena, Bawo, kuba Uzifihlile ezi zinto kwingqondi zelizwe, wazityhila kwiintsana njengabo bayakufunda.” Yabona, ngoku, yonke into yakhelwe phaya, kufanele wazi uMntu!

123 Kwaye akunakwanelisa okuya ngokujoyina icawa. Kufanele ufumane uMntu, uThixo ngoKwakhe, lowo uliLizwi kunye—kunye notoliko Lwakhe namhlanje, izithembiso Azenzileyo namhlanje. Abantu Awayezakubanabo kulo mhla, “iBandla ngaphandle kwebala okanye imibimbi,” akuthethi hlelo; ithetha abantu, isiqu ngaphandle kwebala okanye umbimbi. “Ababini emandlalweni, Ndiyakuthatha abe mnye ndishiye omnye; ababini entsimini, Ndiyakuthatha abemnye ndishiye omnye.” Kodwa xa uThixo, olwa nxano

lungcwele lufane Naye, kuze emva koko ubone ukuba iLizwi Lakhe likuwe, Lizingqinela, ukuba ungumkhonzi kaThixo. Nantoni uThixo ayitshoyo, utsalela nje kuyo, ngoko uza ngqo ngendlela eyiyo ngoko wanelisa olwanxano lungcwele olukuwe.

<sup>124</sup> Owu, kakade, abantu bayakukuhleka, baze bathi, “Ushiywe ziingqondo. Uphambene.” Kodwa khumbula into abasela kuyo, yabona. Jonga apho bakhoyo. Ungafane ucinge umthombo omkhulu utsiba amahle amanzi, aze umntu othile ezantsi komnye umngxuma ezantsi phaya, kunye nafiyeo amantshontsho amasele, neemvumo nkolo, yonke into ihleli kuwo, esela ezantsi phaya, ejonge phezulu ehlekisa ngawe? Owu! Kutheni, akazi, akazi ngowuphi—ngowuphi uMfula okholisa unxano ohlala kuwo. Injalo kanye lonto.

<sup>125</sup> SinoThixo ophilayo. Hayi lowo wafayo kwishumi elinesithoba lamakhulu eminyaka eyagqithayo ehleli engcwabeni, kodwa Lowo wavukayo kwakhona. AmaHebhere 13:8, athi, “Nguye izolo, namhlanje, naphakade.” UMoya oyiNgcwele omnye owawa ngoMhla wePentekoste ukwanguMoya oyiNgcwele olapha ngoku. UsiSabelo esonelisayo, ngokuba UliLizwi. Injalo lonto. UMoya oyiNgcwele wabhala iLizwi, Utolika iLizwi. IBhayibhile ithe, kuPetros weSibini, okokuba uMoya oyiNgcwele wabhala iBhayibhile, “Amadoda akudala, eqhutywa nguMoya oyiNgcwele, abhala iBhayibhile.”

<sup>126</sup> Ngoku, akunakuyenza, akunakwanelisa olwanxano lungcwele nangayiphi into kunoThixo ngoKwakhe ephila kuwe, kuMntu kaMoya oyiNgcwele. Imfundo, isithethe, ukujoyina icawa, ukucengeleza iinvumo nkolo, ukuya kuzibandakanya kubudlelwana; zonke ezi zinto zilunge kakhulu, kodwa ngokupheleleyo azinakunqanda okwakuzola kungcwele, olwa—olwanxano lungcwele, gxebe, akunakuzolisa olwanxano lungcwele.

<sup>127</sup> Ndandimamele uBilly Graham, umvangeli omkhulu, ngobunye ubusuku. Ndiyakuxelela, ndithandaza ngaphezulu ngaye ngoku kunokuba ndakhe ndenza. Ndabona eyigadlela ngenene kubo, ngendlela abenza ngayo. Wathi, “Ela gquba labafundisi besihla ngendlela, iikhola zigqwethiwe!” Besihla phaya apho bangenanto yakwenza khona, befaka impumlo yabo kwinto ethile. Kodwa babesihla ngendlela, [UMzalwana Branham uqhweba izandla zakhe—Mhl.] baqhweba izandla zawo bangqubanise iinyawo zabo. Kulungile, bakhangeleka njengabaqengqeleki abangengcwele. Ngoku, uyabona, kodwa banento ethile aba—abakholelwa kuyo. Banento ethile, idlamkisa umphefumlo. Banento ethile ababedlamkiswe yiyo. Omnye umfazi wahamba waya kufaka intloko yakhe kwinto ethile ezantsi phaya, kwaye bacinga ukuba ungofela inkolo, kwaye wayengenanto yakwenza nokuba kuyo. Ngoku

sifumana ukuba la madoda [UMzalwana Branham uqhweba izandla] ayenento ethile awayenokuqhweba izandla ngayo. Ayevuya. Ayesenza into ethile.

<sup>128</sup> Kulungile, ukuba ungakwenza okuya ngenxa yo—yomqathango ocinga ukuba ulungile apha; uze emva koko ume ebandleni aze umntu othile aqhweba izandla zakhe okanye angqubanise iinyawo zakhe, amadikoni ayakubakhokelela ngaphandle komnyango. Yabona, babajikele abantu babo kumgxobhozo onyhukunyhuku wemvumo nkolo namahlelo, endaweni yokubondla ngelingewele elisikelelweyo iLizwi likaThixo, eliziswe ngaMandla ovuko lukaYesu Kristu.

<sup>129</sup> Yabona, bazama, bakholisa unxano lwabo ngokuthi, “NdinguGqirha *Zibani-bani*,” okanye baphume kwisikolo esithile sezakwalizwi okanye isikolo esithile. Kodwa oko akuthethi nenye into, nanto. Kodwa, uyabona, bona, bazama ukuzanelisa, bathi, “Ngoku uThixo uyakundiqaphela ngokuba ndingumlungiseleli Wakhe. UThixo uyakundiqaphela ngokuba ndinguBawo oyingewele *Zibani-bani*, okanye Bhishopu *Zibani-bani*,” okanye—okanye into enjalo. Bazama ukwanelisa unxano lwabo phaya, ngelixa ungenakho. “Ndine Ph.D., LL.D. NdineSidanga soBugqi. Ndinoku.” Ilungile yonke lonto. Kodwa, kum, oko kuthetha ukuba ukude kangakako kuThixo. Injalo lonto. Oko kukude kakhulu kuThixo, lonke ixesha!

<sup>130</sup> Umazi kuphela uThixo ngamava. Akunakukufundisa Oku kuwe. Kuyazalelwa kuwe! Yinto uThixo akunikayo. Imfundo ayinanto yakwenza Nayo. Enye yamadoda awona abalulekileyo eBhayibhileni yayingenakho nokutyikitya igama layo, uPetros oNgcwele. Injalo kanye lonto, yena noYohane, itshilo iBhayibhile, “Bobabini babengafundanga kwaye bengenakwazi.” Kodwa kwakholiseka kuYesu ukumnika izitshixo zobuKumkani, ngokuba wayenxanelwe uThixo. Amen. Ukunxanelwa uThixo, ubudlelwana. Ewe, mhlekazi. Owu, bethu!

<sup>131</sup> Ndingcinga ngo Isaya, lamfana omtsha, owu, omhle umfana omtsha, wayesezantsi phaya etempileni, ngenye imini.

<sup>132</sup> Ukumkani omkhulu, kwaye wajonga kuye waza wacinga ukuba wayeyenye yawona abalulekileyo yamadoda. Ntoleyo, wayeyiyo indoda ebalulekileyo. Wayekhulisiwe, abazali abalungileyo, umama olungileyo kunye notata. Kodwa xa waphumayo, upolitiko lwakhe lwalucocekile, kwaye wenza izinto zalunga kunye noThixo. Kwaye u-Isaya wajonga kuye waza wacinga wayeyindoda ebalulekileyo, wambeka njengomzekelo. Kodwa uyazi (ungaze) ubeke nomnye umntu, kuphela uMntu uKristu Yesu, njengoMzekelo wakho. Bonke abantu bayakwahluleka. Emva kwethuba, wafika kwindawo; waye—wayengukumkani, kodwa wazama ukuthatha indawo yombingeleli waza wangena etempileni, kwaye wabethwa ngeqhenkqa.

<sup>133</sup> Emva koko wayekhathazekile u-Isaya, ke wehla waya etempileni waza waqalisa uku—ukuthandaza, wacinga wayeyakuhla athandaze ithutyana. Kwaye ngoku, khangelala la ndoda yayingumprofeti; kodwa ezantsi phaya etempileni yayingumfana omtsha, wayelila kuThixo, ngenye imini, kwaye umbono wawa phambi kwakhe. Kwaye xa wenzayo, wabona iiNgelosi, iiKherubhi, zinobuso Bazo bugqunyiwe ngeZazo—ngeZazo iimpiko, kunye neenyawo Zazo zigqunyiwe, kwaye ziphaphazela ngamaphiko amabini. Kwaye Zazisiya emva naphambili, zisihla zinyuka ngetempile, zikhwaza, “Iyingewe, iyingewe, iyingewe iNkosi uThixo uSomandla.”

<sup>134</sup> Kwaye u-Isaya, olwa nxano lukhulu awayenalo, yena—yena mhlawumbi efundile. Yena—yena mhlawumbi enemfundo entle. Yena wayene—nengcabango emangalisayo ngoko afanele ukuba kuko uThixo. Yena—yena wayebavile ababingeleli. Wayekhe wasetempileni. Wayekhuliswe ukuba abe li—likholwa, kodwa, uyabona, wayengazange ahlangane ubuso nobuso kunye Nalo ngaphambili. Yabona? Yena—yena wayenomnqweno wokwenza kakuhle. Wayefuna ukuba ngolungileyo, kodwa wayenecala lemfundo kuphela. Wayenecala lemfundo yezakwalizwi kuphela ngaLo.

<sup>135</sup> Kodwa xa wafika phaya etempileni ngalamhla, kwaye wabona eziKherubhi ziphaphazela ezimpiko ngasemva nangaphambili, waza waqonda ukuba ezi Ngelosi zilungiselela ebusweni bukaThixo (Kwaye Zona iiNgelosi zingasazi nkqu nokusazi ukuba yintoni isono; kwaye ukuma eBukhoneni bukaThixo, kwakufanele Zigqume ubuso Bazo obungewe, ukuze zime eBukhoneni bukaThixo.), ngoko lamprofeti wakhala, “Usizi olundim, ngokuba ndiyindoda emilebe iyinqambi. Yonke imfundo yam yezakwalizwi, imfundo yezakwalizwi nezinto endizifundileyo, yonke ingcabango yam emangalisayo ebendinayo ngoThixo, ndijongene ubuso nobuso nayo ngoku.” Wathi, “Ndingumntu wemilebe eyinqambi, kwaye ndihlala nabantu abamilebe iyinqambi.” Yonke imfundiso yabo yemithetho, nezinto abazenzileyo, azizange zafika kulandawo apho weza khona eBukhoneni bukaThixo, kwaye abone uThixo ngamehlo akhe; namasondo Akhe, xa Wayehleli ngaSentla, eMazulwini. Kwaye nako apho wayekho, ubuso nobuso noqobo. Kwaye wakhala, “Ndiyindoda emilebe iyinqambi, kwaye ndihlala phakathi kwabantu abazinqambi.”

<sup>136</sup> Kwaye yaba yilaKherubhi yathabatha zithabatho, nelahle loMlilo esibingelelweni, yachukumisa yona imilebe eyinqambi. Yaza yamjika kubugwala, okanye kumntu ofundileyo, utitshala, yamsa kubuprofeti elinokuthi iLizwi likaThixo lithethe ngaye. Ngokuqinisekileyo, ngelixa wayeseBukhoneni bukaThixo, yayiYinto eyahlukileyo. Olwa nxano awayenalo, lwafika kulandawo ngoko, de waba uzalisiwe liLo.



<sup>137</sup> Kwaye mandikuxelele, sihlobo, andikhathali zingaphi iicawa ozijoyinileyo, mangaphi amagama owabhalise kuzo, yeyiphi indlela ohamba ngayo, nokuba utshiviwe, wabhaptizwa, okanye nantoni na oyiyo; ude uhlangane nalaMntu, uYesu Kristu! Leyo, kuphela kwento eyakukonelisa ngenene.

<sup>138</sup> Imvakalelo ngekhe ziyenze lonto; ungaxhuma ukunyuka nokuhla kwaye ukhwaze kangangoko ufuna, okanye ungabaleka unyuke usihla ngomgangatho, kwaye ungathetha ngeelwimi kangangoko ufuna. Kwaye ezizinto zingcwele kwaye zilungile. Andithethi—andithethi ngokuchaseneyo nokuya. Kodwa ude uhlangane nalaMntu, esaSabelo sanelisayo, laa Nto ethatha wonke umcu emzimbeni wakho; hayi ngemvakalelo, kodwa ngokwaneliseka!

<sup>139</sup> Ndiqhele ukubona uphawu oluncinci, lusithi, “Ukuba unxaniwe, yithi Parfay.” Yayikade isisiselo esincinci, xa ndandiyinkwenkwe, ibizwa Parfay. Ndikhumbula ndisehla ngendlela, owu, ndisuka ekulobeni, ndandisequleni, adamileyo amanzi. Kwaye ndandisifa kukulamba, ndaza ndabona uphawu lisithi, “Ukuba unxaniwe, yithi nje Parfay.” Ndaqalisa ukutsho, “Parfay, Parfay.” Ndanxanwa ngakumbi lonke ixesha. Kwaye nda—nda . . . Yabona, a—a—andabi nakho nokutsica, emva kwethuba, ndandi—ndandinxanwe kakhulu.

<sup>140</sup> Kulungile, uyabona, ayisokuze iyenze. Akhukho nto iyakulonelisa lona. Andikhathali, ungasela iicokes, ungasela nantoni na oyifunayo, nawo anencasa ahlwahlwazayo amanzi, nanjalo njalo, akukho nto inokwanelisa unxano njengalungileyo aphilileyo, abandayo amanzi omfula. Ayakukholisa olwanxano. Zonke ezinye zezizinto zizibambeli.

<sup>141</sup> Kwaye kutheni siyakuthatha isibambeli, ngelixa kukho olwenene ubhaptizo luka Moya oyiNgcwele olwanelisa wonke umcu nesidingo emphefumleni womntu? Ngoko uma kanye ebusweni bokufa, njengomkhulu uMpostile uPawulos watshoyo, “Owu kufa, luphi ulwamvila lwakho? Nawe, ngcwaba, luphi uloyiso lwakho? Kodwa makabongwe uThixo, Osinika uloyiso ngeNkosi yethu uYesu Kristu!” Lawo ngamava, mzalwana, owonelisa lanzolo ingcwele e . . .okanye olwanxano lungcwele olukuwe. Ayalonelisa. Akudingeki ukuba wenze nenye into malunga nalo. Ehe, Licoca imilebe.

<sup>142</sup> Kwaye kukho, kananjalo, nje abantu abaphila ngemvakalelo, nge . . . Abanye abantu bathi, “Kulungile, sinokuninzi koko kwintshukumo zethu zakwaMoya.” Kwaye bayakungena, ntoleyo ilungileyo, bayakuhlikihla izandla zabo [UMzalwana Branham uqhweba izandla zakhe—Mhl.] baze badlale umculo. Umculo ume, “sh, whew,” inkonxa yamanzi iwele phezu kwento yonke, yabona. Ngoku si—siyakwenza oko, si—sifika kumkhwa wokwenza lonto. Siba, si—si . . . Iba sesinye sezithethe zethu.

143 Mandinixelele into. Xa unqula uThixo, ngoMoya nangeNyaniso, xa iba *sisithethe* kuwe ukuyenza, ngokuba ucinga ukuba *ufanele* uyenze; ngokuba ucinga, ukuba akukhwazi, okanye uxhume ukunyuka usihla, okanye udanise ngomculo, ummelwana wakho uzakucinga uwile; uyasela kumfula odamileyo. Injalo!

144 Ide Izalise wonke umcu, ude uMoya oyiNgcwele ngoKwawo uhlwahlwaza kuwe; andikhathali nokuba umculo uyadlala, nokuba bayadlala u *Kufutshane*, *Kuwe*, *Thixo Wam*, okanye nokuba yintoni, uMoya oyiNgcwele usankentezisa iintsimbi zozuko entliziyweni yakho. Oko kuyanelisa. Oko siSabelo sikaThixo esonelisayo. Neyiphi into engaphantsi koKo, ugqityiwe.

145 Ungathetha ngelwimi njengabantu neeNgelosi, unganikezela ngezinto zakhe usondla amahlwempu, ungaprofeta, ungabenolwazi, wazi zonke iimfihlelo nazo zonke ezi zinto, kwaye noko ungabi yinto (AmaKorinte okuQala 13) ide laNto ithile yanelisayo ingakholisa kuphela olwanxano.

146 “Umphefumlo wam unxanelwe uThixo ophilayo, njengexhama litsalela kumfula wamanzi. Ndide ndibenokuYifumana, ndiyakutshabalala.” Xa ufika ekulambeleni uThixo ngolwahlobo, into ethile izakwenzeka. UMoya oyiNgcwele uyakukukhokelela kuloo mthombo mkhulu kaThixo. Ewe, mhlekazi.

147 Ngoku, kukho into elungileyo, ukumnqula ngoMoya. Yinyani leyo. Kodwa ngamanye amaxesha unoMoya ngaphandle kweNyaniso. UYohane oNgcwele isi-4, uthe, “Sinqula uThixo, uMoya neNyaniso.” Kwaye uYesu yiNyaniso. Injalo ngqo lonto. Kwaye UliLizwi.

148 Imifula uThixo ayithumelele ukwanelisa wena, enyameni, uSathana ungcolise yonke kuwo. Ufake ityhefu eyobisayo kuwo wonke kuwo anokufika kuwo. Injalo lonto. Wathatha lamfula mkhulu, webandla.

149 Oko, yayiyindlela kaThixo. Wathi uYesu, “Phezu kweli Litye Ndiyakulakhela iBandla Lam, namasango esihogo awanakuloyisa Lona.”

150 Ngoku kukho ingxoxo ezahlukeneyo ngoko. Abantu baseRoma, amaKatolika athi, “Walakha Lona phezu koPetros.” Yabona, kwaye ukuba oko kunjalo, uPetros wawa, kwintsuku ezimbalwa. Ke, Lalingenjalo. Ngokuqinisekileyo Lalingakhelwanga phezu koPetros, *Petra*, ilitye elincinci. Kwaye emva koko amaProtestanti athi, ukuba, “Walakhela Lona phezu Kwakhe, uYesu Kristu.” Hayi ukuba ngowahlukayo, kodwa ndiyohluka nabo. Akazange alakhe Lona naphezu komphi.

151 Walakhela Lona phezu kwesityhilelo sokuba wayeNgubani Yena. Wathi, “Unoyolo wena, Simon, nyana kaYona,

inyama negazi azikutyhilanga oku kuwe, kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilile oku kuwe.” Hayi ngolwazi! Akukufundanga Kona ezincwadini. Akukufundanga Kona ngokujoyina icawa. Akukufundanga Kona ekukhwazeni. Akuku. . . Kodwa uMoya oyiNgcwele ngoKwawo uzise uMntu kaYesu Kristu kuwe, ngoko, “Phezu kweli Litye Ndiyakulakhela iBandla Lam, namasango esihogo awanakuleyisa Lona.” Olwa nxano lungcwele lwanelisiwe kuMntu uYesu Kristu. Nako ke apho ukhoyo. Yinto leyo esifuna ukufuna yona, yonelisa olwa nxano ngokuYa. Kulungile, siyafumana ukuba sifanele.

152 Ulwazi? Owu, bethu! Ulwazi yinto ebalulekileyo, siyazalisa, kwaye namhlanje sizele lulo. Kodwa uyabona, ulwazi. . . njengoko ndandisitsho ngenye imini, ndithetha kulomxholo wolwazi. Kwakukho indoda ime ngaphandle, yayithetha nomhlobo wam, eme phaya, yathi, “Ukuba umntu akakholelwa kwimfundo, kutheni efunda iBhayibhile?” Ba. . .

153 Ndacinga, “Kulungile, ukuba abakufumanaga oko iNkosi uYesu akutshiloyo, bazakuyifumana njani idami enjengam, oko ndikutshiloyo?” Babengenakho nokumqonda Yena, Elula enjalo.

154 Wathi phaya ngenye imini, “Ngaphandleni kokuba nitye umzimba, iGazi, nisele iGazi kwaye nitye nomzimba woNyana womntu, aninaBomi kuni.” Akazanga ayicacise Yona. Waqhubeka. Injalo lonto. Yabona?

155 “Kulungile,” bathi, “leNdoda lizim. Sifuna Yena. . . ukutya umzimba Wakhe, sisele iGazi Lakhe. Ngumfunxi gazi. Yabona, Ufuna sibe ngabafunxi gazi.” Yabona? Zona incubabuchopho!

156 Kodwa Wathi, “Ezam izimvu ziyaliva iZwi Lam.” Yabona, Ibiyakuza kubaNyulwa, uThixo wonyule ngolwazi lwangaphambili. “Kwaye abo athe uBawo. . . Akukho mntu unokuza kuM ngaphandle kokuba uBawo amtsale. Kwaye bonke Andinike bona uBawo, bayakuza, baya kuliqonda Lona.”

157 Bona abafundi babengenakho ukuLiqonda, kodwa baLikholelwa. Yabona? Injalo lonto. Ukuba uyaLikholelwa! Andinakuqonda izinto ezininzi. NdiyaLikholelwa, nakanjani, yabona, gokuba uThixo uthe Lalinjalo.

158 Ulwazi. Niyazi, ivangeli kaSathana lulwazi. Ingaba beniyazi lonto? Walushumayela emyezweni e-Eden, ku-Eva, kwaye walukuhlwa ngevangeli yakhe yolwazi. Ngoku, kwaye ungcolise lonke uhlanga loluntu, ngalo. Injalo ngqo lonto. Bathathe inkqubo zemfundo, bazifaka ecaweni. Zilungile phandle *phaya*, kodwa hayi eLizwini likaThixo. Hayi, mhlekazi. Akumazi uThixo ngemfundo. Akumazi uThixo nge—nge—ngokwazi indlela, yokufunda izibalo nokubizwa kwamagama amakhulu.

159 UPawulos, wayeyindoda echubekileyo. Kodwa xa esiza kuKristu, kwaye wamkela uMoya oyiNgcwele, waya kumaKorinte, wathi, “Andizange ndize kuni

ngamazwi alukuhlayo obulumko babantu,” nangona wayenakho ukuyenza. Wathi, “Ndize kuni emandleni nasekubonakalisweni koMoya oyiNgewele, ukuze ukholo lwenu lube kuThixo, hayi kubulumko bomntu othile.”

<sup>160</sup> Ngoku ngamaxesha athile senza iinkqubo zecawa, baye ngokunjalo babize umalusi wabo—wabo. Ibandla liya kuvotela umalusi, bathi, “Kulungile, lo malusi, ngoku, unezidanga ezibini kwanokholeji. Ufunde iminyaka emine yepsichology. Uthathe *le, leya, engenye.*” Kwaye bayakuvotela olwa hlobo lwendoda (kutheni?) endaweni kamalusi okholelwa iLizwi likaThixo kuphumelelwe kwaye linguThixo, kwaye uyakushumayela iLizwi kungakhathaliseki nokuba abantu bava njani ngaLo.

<sup>161</sup> UThixo waxelela uHezekile, uyazi, wathi, “Shumayela oko nokuba bayaLikholelwa okanye hayi. Lishumayele Lona, nakanjani.” Yabona? Injalo. Nokuba bayalamkela Lona, okanye hayi, akunanto. Abazange bamamkele uYesu. Waqhubekeka ngqo, eshumayela Lona ngendlela enye. Yabona?

<sup>162</sup> Endaweni kamalusi wenene oyakushumayela iLizwi ngenene kwaye akholelwe uThixo, ba—ba—bazama ukuzisa u—ungqondo-ngqondo, indoda enemfundo ebalulekileyo; indoda enokuma epulpitini enokuthatha kuphela imizuzu elishumi elinesihlanu, ukuze bagoduke kwamsinya kakhulu, baze baye (abanye) bayokwenza into ethile engenye, kwaye uRicky angathatha imoto yakhe yomdyarho aze aqalise, kwaye bangaya kwimigidi yokuzibhija bhija nayo yonke into. Kwaye asi, owu, asi—asi nje asi—asiyonto ingenye kuphela ngumxube wongcoliseko lwemfundo. Injalo lonto. Nje ngqo into eyiyo. Injalo lonto. Kodwa yintoni? Yanelisa incasa yabo, yabona, yonelisa incasa yamalungu ecawa alihibathi.

Ukuba ayonelisi incasa yoyingwele. Iyakuthatha iLizwi lonke ixesha!

<sup>163</sup> Kodwa bathi, “Owu, kulungile, ngoku bona ababantu baphumile nje kancinci kwingqondo zabo.” Yabona, bona nje aba, bona nje abayifumani. Bona, bazama ukuphila kusuku olugqithileyo.

<sup>164</sup> Ayiqhelekanga! Ndiphuma ngaphandle apha eNtshona, kwaye ndifumana bezama ukuphila kusuku olugqitheleyo, basoloko befuna ifashoni yakudala yemihla yama cowboy. Baze bahle baye eKentucky, imihla yefashoni yakudala yamaqaba asezintabeni, bafuna ukwenza njengayo, baneenkqubo zayo. Kodwa xa kufikwa kwifashoni endala yeNkolo, abafuni kwanto malunga naYo.

<sup>165</sup> Imihla yakudala yefashoni? Ndiyehla apha ngexesha lokurhintyela iinkomo, ndabona benomfazi omkhulu ezantsi phaya, lanto iluhlaza phantsi kwamehlo akhe, kunye neenwele ezimfutshane ezingothulweyo, umdiza emlonyeni wakhe. Kutheni, ukuba babeyibonile lanto emva kwiintsuku

zakudala, babenokucinga waye tyiwe kukubola ndaweni ithile. Ba, babe—babe—babenokumfaka ngaphakathi. Kungathini ukuba umama wakho wayenokuphuma, anxibe njengawe kwaye nentombi yakho inxiba njengawe namhlanje, yintoni ebinokwenzeka? Babenokumfaka endimangeni. Ngokuqinisekileyo, waphuma engenambhinqo. Kulungile, ngoku khumbula, iyinto enye namhlanje.

<sup>166</sup> Abantu bayabola enyameni yabo. Ukuba baya kumbindi wobudala babo, phakathi kwamashumi amabini namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala, iiseli zobuchopho babo ziyabola nazo. Abanayo... Abantu bafikelele ekungabinakuqonda kwaneleyo. Abazi intlonipho ithetha ntoni. Abazi mahluko phakathi kokulungileyo nokubi. Kwaye, owu, nangona, inkqubo yabo yemfundo, ba . . .

<sup>167</sup> Ubusazi, imfundo, ndingakuphuhlisa oko kuwe, yeyomtyholi? Hayi ukufunda nokubhala; kodwa, ndithetha, ukubeka imfundo yabo ecaweni.

<sup>168</sup> Yintoni ubukomanisi obuleli kuyo? Inzululwazi, imfundo, lowo nguthixo wabo. USathana, yabona, yilonto awayazisayo ku-Eva. Yilonto basabambelele kuyo.

<sup>169</sup> Ngoku ifikele ngaphaya kwamabandla ethu, ifikele ngaphaya kweBhaptizi, Wisile, neRhabe, nabakwaMoya, nawo onke. Imfundo ethile, ungqondo-ngqondo, *uthile-thile* omkhulu kunye nento enjeya, oko kumgibisela kude kuThixo. Ayilunganga. Ewe, mhlekazi. Ngoku, siyafumanisa, ukuba (bona) yanelisa iminqweno yabo. Xa i—xa i—bandla liyakuvotela into enjeya, ibonisa yintoni esengqondweni yelobandla, yintoni iminqweno yalo, yintoni unxano lwalo. Bafuna ukuthi, “Umalusi wethu uphangalele ngengqondo. Akakhathali sihlamba sixubene, kwaye uya kunye nathi.”

<sup>170</sup> Intombi encinci yaxelela uSara wam, ngenye imini. Umfundisi wayo wayese-Afrika; kwaye xa ebuya, yahluba impahla zayo, ngobabusuku, inepitsayo encinci eyayiyinxibile, yaza yamenzela iwatusi yena, ukumonwabisa ngokuba wayesuka e-Afrika. IWatusi luhlanga ngaphaya, uyazi. Nkwenkwe, ndingathanda ukubona enye yentombi zam, ebandleni lam, izama ukwenza into enjalo, watusi?

<sup>171</sup> Yabona, iyabonisa! Kwaye umalusi uyakuhlala ajonge omnye webandla lakhe, encinci (elishumi elinesithandathu okanye ishumi elinesibhozo ubudala) intombi phandle phaya ihlutyiwe ngolwahlobo, amvumele enze lanto, oko kubonisa uphuma kumgxobhozo, ngokwakhe, indoda kaThixo yenze into enjeya. Ngokuqinisekileyo.

<sup>172</sup> Ivakala sicaba, kodwa ndiyaqonda ndishumayela ngokunqumleze isizwe, ngokunjalo. Kodwa uyazi oku futhi, mzalwana, dade, mandikuxelele, leyo yiNyaniso.

<sup>173</sup> Ixhalanga lifuna izinto ezifileyo. Injalo lonto. Kwaye oko kufile! Injalo kanye lonto. Ibonisa ngokucacileyo, iyabonisa ngokucacileyo apha yintoni intloko yabo nenqaba yabo elawulayo, yintoni ebanikayo, yabona, yintoni esemphefumleni wabo. Umphefumlo wabo ufuna izinto ezinjeya.

<sup>174</sup> Umphefumlo wabo ufuna ibandla eliphakamileyo ngobukrelekrele, apho abantu banxiba kakuhle kakhulu, kwaye umalusi athathe imizuzu elishumi elinesihlanu, okanye amashumi amabini. Kwaye ukuba uya ngaphaya kokuya, bayakumtsalela emva kwibhodi yamadikoni. Kwaye akufuneki atsho nento le malunga nesono. Angatsho kwanto malunga nokunxitywa kwezimfutshane, kwaye akasayi kutsho kwanto malunga nabantu abenza *lena*, *leya*, okanye *engenye*. Akufuneki akuchaphazele oko konke konke. Ukuba bayayenza, ibhodi iyakwenza agxothwe. Yabona iyintoni? Leyo yintluzo yabo yendoda ecingayo.

<sup>175</sup> IBhayibhile ithe, kuYohane wokuQala 2:15, “Ukuba uyayithanda inkqubo yelihlabathi, okanye izinto zelihlabathi, kungokuba uthando lukaThixo alukho nkqu kwakuwe.”

<sup>176</sup> Ngoku malunga naphi nokuqhubeka abakwenzileyo namhlanje, egameni lecawa; besenza isquare dance ecaweni, ibunco, amakhasi, imigidi, irock-and-roll yabasafikisayo, ukuzibhija bhija, zonke ezi zinto! Khangela kulo Elvis Presley, umtyholi eme esezihlangwini! UPat Boone, uRicky Nelson, ityala elikhulu esi sizwe elakhe lanaso! Injalo lonto. Bathi, “Owu, banenkolo kakhulu, bacula iingoma zobuKristu.” Abafanelekanga. I—ibandla alifanelanga kuvumela into enjeya! Abanye baba bafo bayaphuma apha, kwaye—kwaye ngobubusuku bakwi—bakwihotele ezisecaleni kwendlela phandle phaya, badanisa kwaye bedlala umculo nayo yonke into, kwaye kubusuku obulandelayo baze esiguqweni balile, baze kubusuku obulandelayo badlala umculo eqongeni. Owu, ububele, inceba! Kungakanani ubunyukunyuku bunokubanakho, kukangakanani ubunyukunyuku bungaqhubeka, nakanjani? Ewe, mhlekazi. Uzibonakalisa kuqala njengendoda kaThixo, hayi yonke lento nje ngenxa yokuba enokudlala ikatara endala okanye into ethile.

<sup>177</sup> Ngeminqweno yakho, ungachaza ngubani okwitrone yentliziyo yakho. Ngoko okuthandayo, yilonto echazayo. U, uthi, “Kulungile, ndicinga ukuba ezo zinto zilungile, Mzalwana Branham.” Kulungile, khumbula nje ngoku, entliziyweni yakho, uyazi yintoni ephaya. Ewe, mhlekazi. Ngako oko kondla umphefumlo wakho, oko umphefumlo wakho unxanelwe kona, kwaye ungabona iyonelisa oko; ukuba asililo eli Lizwi, ngoko kukho into ethile engalunganga, ngokuba uMoya oyiNgcwele uhlala eLizwini kuphela. Yabona?

178 Ndifuna ubone enye ingozi enkulu, nje phambi kokuba sivale, ukuba akwenzanga—ukuba akunatyala layo nayiphi kwezi zinto endizichaphazeleyo, kwaye, oko kuyi, ingozi yokungahoyi unxano. Yabona? Uthi, “Ndinonxano olungewe. Kodwa a—andinatyala, Mzalwana Branham, lokuhamba nje ndize ndijoyine icawa, nezinto ezinjeya.” Kodwa, yabona, ukungahoyi unxano! Ukuba akuhoyi ukwanelisa unxano lwamanzi okanye ukutya, uyakufa. Kwaye ukuba akuhoyi unxano kuwe, ngoThixo, uyakufa ngokwasemoyeni.

179 Ubiza iimvuselelo, ulindela icawa yakho ibe nemvuselelo. Kulungile, asiyiyo—asiyomvuselelo yakho. Imvuselelo kufanele iqale kanye kuwe, xa uqalisa ukunxanelwa uThixo. Kungangabikho elinye ilungu, lecawa, elifuna lamvuselelo. Ukuba isuka kuwe, iyakuphuma nakwezinye indawo. Yabona? Kodwa, yabona, akuhoyi olwanxano.

180 Ulibala ukusenga inkomo, xa inkomo i . . . ibele lizele lubisi; kwaye ukuba uyeka la nkomo ihlale njeya, iyakoma. Injalo kanye lonto. Ukuba akuhoyi ukusela amanzi, uthi, “Andizukusela nje tu,” uyakufa. Akuhoyi ukutya ukudla, uyakufa.

181 Ke ukuba akukukhathelele ukunika uMoya oyiNgcwele iLizwi likaThixo, uyakufa.

182 Nina maKristu, nina maBhaptizi, maWisile, maRhabe, bakwaMoya, Assemblies of God, boBunye, bobuBini, bobuThatu, nantoni na eniyiyo, yabona; andikhathali, akubalulekanga oko kum, andicingi kukhathalalisekile kuThixo. Yabona, usisiqu wedwa, uyintlanganisela. Akusokuze uye eZulwini njengebandla, okanye i—ihlelo. Uyakuya eZulwini njengomntu omnye, phakathi kwakho noThixo. Injalo lonto. Akukhathaliseki nokuba ungowayiphi icawa.

183 Kwaye ukuba akuhoyi kufunda iBhayibhile nokukholelwa iBhayibhile, noMoya oyiNgcwele wondle kuko Oko, uyakufa. Wathi uYesu kuYohane oNgcwele 4:3; iSibhalo endinaso ngoku . . . wakutsho oko uYesu, “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngawo onke aMazwi,” hayi nje inxenye yaWo.

184 Sithatha okuncinci, kancinci *apha*. Ndikubiza oko umhambi ngokukhweliswa weBhayibhile. Bathi, “Kulungile, ndiyakukholwa *Oku*, kodwa ngoku masiye *ngaphaya*, yabona.” Yabona?

185 Kufanele Uyithabathe, iLizwi ngeLizwi. Wathi uYesu, “Umntu uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.” Ubuyazi lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

186 Kwaye, uyazi, senze—senze umhla esiphila kuwo, se—senze lo mhla u . . . u—u—ugqwetheko lwenkolo.

187 Intombi yam indibizile, kungekudala kakhulu, yaza yathi kum, “Tata,” kwicala elilandelayo lendlu, yathi, “yiza ngapha, sizakuba nenkqubo yenkolo.” Yayikukucula,

umculo wokudumisa, kwaye kwakukho omncinci uRicky eyifunda phezulu phaya. Kwaye ukuba ndakhe ndabona intshukumo ehlambelayo, yayikokuya! Bona abafu phezulu phaya, nabantu, bekhangeleka ngokungaphezulu ngathi yayingumboniso wasesidlangalaleni. Kufanele ibe luhlanga lwamaNdiya, kwaye babeqhubeka, kwaye—kwaye bekhuma bebethana omnye nomnye.

<sup>188</sup> Kuphi, kuyephi ukunyaniseka, aphi lomaculo okudumisa efashoni endala sasiqhele ukuwacula, zise sivuye kuMoya kaThixo, nenyembezi zisihla ezidleleni zethu? Kwaye ngoku sizama ukubamba umphefumlo wethu side singabi namphefumlo waneleyo kuthi, de ubuso bethu bujike bube luhlaza, ukuzama ukubonisa ukuba siluhlobo oluthile lwemvumi. Yabona, sikubonele oko kokuphuma eHollywood, kunye nazo zonke ezinkqubo esizibonayo ngokukucula kokudumisa kukrelekrele nokuqeqeshwa kwamazwi. Ndi—ndiyathanda ukuva umculo omnandi; ndiyathanda ukuva emnandi yefashoni yakudala, evakala entliziyweni, umculo wakwamoya. Kodwa ndiqinisekile ndikuthiyile ukuva okwakutswina bakubiza ukucula, namhlanje. Injalo lonto. Ndinga yeyonanto iyintlekisa kakhulu. Kukugqwetheka. Injalo lonto.

<sup>189</sup> Ndiyathanda ukubona indoda xa iyindoda. Ndikuthiyile ukubona omnye enxibe impahla zomfazi wakhe zangaphantsi phandle phaya, kwaye etyibilika ecaleni kwakhe; kunye ne—neziphothi zijinga ukuhla ngapha ngaphambili, kunye nezixha ezibini zeenwele zivuza ngathi zizithonga, zichetyiwe ngaphambili. Oko, a—andinakubiza okuya indoda. Ayazi loluphi icala lohlanga ekulo. Yabona? Injalo lonto. Ubona umfazi, jonga, umfazi uzama ukucheba, ukwenza iinwele zakhe ngathi zezendoda; indoda izama ukwenza iinwele zayo, izithonga, njengomfazi. Indoda inxibe impahla zangaphantsi zomfazi wayo; umfazi yena unxibe i-ovarolo zayo. Yabona, nje ukugqwetheka, konke jikelele.

<sup>190</sup> Kwaye leyo yinto ekwanye eyiyo nesizwe, nabantu, namabandla, nento yonke. Owu Thixo! Sipi isiphelo sento? Ukuza kweNkosi uYesu Kristu, sisiphelo sayo.

<sup>191</sup> Ke, ukuba akukukhathaleli ukondla uMoya oyiNgcwele iLizwi likaThixo! Wathi uYesu, “Lonke iLizwi liyakuba ngokukaMoya oyiNgcwele.” Kwaye phulaphula, ngoku, ukuba uzama ukuwondla Wona ngento engalunganga, ukuba UnguMoya oyiNgcwele wenene kuwe, Úyakuwazi umahluko. Ngoku, khumbula, iLizwi likaThixo koko uMoya oyiNgcwele uzondla kuko. Awuzondli ekuthabathekeni. Awondleki kwimfundo. Awuzondli ngokuhamba icawa. Awuzondli kwezakwalizwi. Kukho umahluko omkhulu phakathi kwento ephumlelweyo kunye nezakwalizwi into ezimi kuyo.



192 Zonke ezo zakwalizwi ngemihla kaYesu, bethu, zazinelizwi ngelizwi, iphepha ngephepha, konke kubekiwe, uMesiya kwafanela aze *ngale* ndlela! Leyo ngenene koko yayikuko. Kwaye bona, bonke ngabanye, bayiphosa. Uyazi yintoni uYesu awayitshoyo xa Ebuya, wathi, “Ningabakayihlo wenu umtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyakuyenza.”

193 Yayingatyhilwanga kubo into elaliyiyo ngenene iLizwi. Yabona, baziphosa ezokona zincinci, njengoko beziphosa namhlanje. “Ukuba uyakubandakanywa *koku* uze ubandakanywe *nakoku*, uyakuba ngolungileyo.” Ungakukholelwa oko. Kufanele ubandakanywe kuKristu. Kwaye ukuba kukho iNto ethile kuwe, elambele uKristu!

194 Khumbula nje, xa wawusesinqeni sikatata wakho, wawukunye naye ngoko. Kodwa utata wakho wayengakwazi ngoko, kwaye wawungamazi utata wakho. Kwaye kwafanela uze uze uzalwe. UThixo wenza indlela ngomama wakho, wenzela u—umondlalo wembewu, kwaze emva koko yeza. Emva koko waba yindoda okanye umfazi, nokuba yayiyintoni, ngoko wamqonda utata wakho, notata wakho waba nakho ukuba nobudlelwana nawe.

195 Ngoku, khumbula, ukuba unoBomi obunguNaphakade, uBomi bakho babukuThixo ekuqalekeni. Kwaye, uBomi, uThixo liLizwi. Kwaye xa iLizwi lenziwa inyama kuYesu Kristu, UThixo esihla esiza kuhlala emzimbeni OngoWakhe, wazenza Yena uNyana kaThixo. Xa uThixo wehlayo wazokuhlala kokuya, wawukuYe xa Wayebethelelwa. Kwaye wabethelelwa kunye Naye, kwaye wafa kunye Naye eKhalvari. Wangewatywa kunye Naye, entabeni. Kwaye wavuka kunye Naye, ngentsasa yePasika. Kwaye ngoku uhleli naye kwezaseMazulwini iindawo, kuYe, kwaye ngoku unobudlelwane kunye Naye. Yabona?

196 UThixo ngoKwakhe waba ngomnye wethu. “Akukho mntu wakhe wambona uBawo, nangaliphi ixesha, ekuphela kwaMzeleyo u (Nyana) Bawo amazisileyo Yena.” Lowo, uThixo waba nguMntu, ukuze Abe nobudlelwana nawe engumntu. Yabona? Kwaye ngoku uyi—uyinyama, kwaye Yena uyinyama. UThixo wenziwe inyama phakathi kwethu, eMntwini woNyana Wakhe, uYesu Kristu. Kwaye kuYe yayinguThixo. WayenguThixo, akukho nto inganeno kuThixo. WayenguThixo. “UThixo ebonakaliswe kuNyana, uYesu Kristu,” owamenza Yena u-*Imanuweli*, njengoko umprofeti wathi Uyakuba nguye.

197 Ngoku yabona, ngoko, kufanele ukuba ube uphambi kokuba ihlabathi libunjwe, igama lakho lalibekwe kwiNcwadi yeMvana yoBomi. Kwaye ngoko ungadla ntoni? UMoya oyiNgcwele uphila ngeLizwi likaThixo. Kwaye ngoku kwisiTyhilelo 22:19, iBhayibhile yathi, “Nabani na

oyakususa iGama libe linye kuLe, okanye ongeze igama libe linye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa kwiNcwadi yoBomi.” Yabona inzulu kangakanani? Akunakho, uMoya oyiNgcwele awunakuhlala kwizinto zehlabathi.

<sup>198</sup> Njentaka ihobe kunye nonomnyayi. Unomnyani ngumhanahanisi omkhulu. Unomnyayi, la mfo uyaphuma apha kwaye angatya ingqolowa imini yonke; aze aye ngaphaya abhabhele kwefileyo, esidala esifileyo isidumbu, asitye naso. Angahlala entsimini kwaye angatya kunye nehobe, ingqolowa, aze aye ngaphaya atye kwisidumbu esifileyo.

<sup>199</sup> Kodwa ihobe lingatya ingqolowa imini yonke, kodwa alinakutya kwisidumbu esifileyo, ngokuba lihobe. Kwaye ihobe alinanyongo. Ukuluma kube kanye kwesiya sifileyo isidumbu, iyakulibulala ihobe. Yabona, alinanyongo. Kwaye yilondlela kungayo, hayi ubukrakra.

<sup>200</sup> Yilondlela nowenene, onyanisekileyo umKristu. Abafuni zinto zehlabathi. Batya nje iLizwi likaThixo, kwaye Lona lodwa; okucocekileyo, iNtluzo yendoda ecingayo. Yabona, baza ngalo Lona, kwaye Lona lodwa. Izinto ezifileyo zehlabathi, ziyanuka kubo.

<sup>201</sup> Jonga kunomnyayi omdala kwimihla yokutshabalala kanogumbe, ehabha ukusuka kumzimba ukuya kumzimba, esitya ezozidumbu zifileyo zindala, akazange abuyele emkhombeni. Kodwa ihobe alizange lifumane ndawo yokuphumlisa iinyawo zalo, yabona, labuyela emkhombeni apho lalifumana iinkozo. Kwaye yilondlela esenza ngayo, siphila ngeLizwi likaThixo.

<sup>202</sup> KwiiNdumiso 42. UDavide ufanele wabhala leNdumiso, iiNdumiso 42, xa wayengumbhaci, xa wathi, “Umphefumlo wam unxanelwa Wena, njengexhama litsalela emfuleni wamanzi.” Khangela, wakhala. UDavide wayengumbhaci. Waye...Waye enentambiso ye oli kuye, wayesazi ukuba uzakuba ngukumkani. Umprofeti wayemthambisele ukuba ngukumkani. Ngoku qaphela, kwaye nankuya, wayenegquba elincinci lamajoni, enziwe ngabeeNtlanga, nanjalo njalo, bephezulu kwincopho yentaba. Apho, esakhe asithandayo isixeko, ngenxa yezono zabo, babe rhangqwe konke ukujikelezwa ngamaFilistiya. Kwaye uDavide, kula mhla ushushu, kufanele kube kuxa wabhala leNdumiso, “Njexhama litsalela kumfula wamanzi.”

<sup>203</sup> Qaphela uDavide kule meko. Wajonga ezantsi, wajonga kwisixeko sakhe asithandayo. Kwaye wakhumbula xa wayeyinkwenkwe encinci, wayeqhele ukuthatha iigusha azise kweliqula phaya. Yayilizwe elikhulu, elikhulu lamanzi, kwaye kananjalo ilizwe lesonka, ezantsi phaya. Ngenene, iBhetelehem, ithetha “indlu kaThixo yeSonka.” Kwaye emva koko xa uDavide wakhumbula esiya ngaphaya kwaye esela

lawa amnandi aphilileyo amanzi, kwaye apha wayengqeqe phezulu apha ngoku, umbhaci, kude kubantu bakowabo. Wayengenandawo yakuya, kwaye umphefumlo wakhe kufanele wawalilela loo manzi aphilileyo amnandi.

<sup>204</sup> Wayenezicaka phaya ezi, bethu, nje okuncinci komnqweno wakhe yayikukulawula. Kwaye bona, abathathu babo, balwa indlela yabo ukugqobhoza lamgca wamaFilisti; ishumi elinesihlanu leemayile, iimayile ezisixhenxe, okanye into ethile, ukuhla nokubuya; becanda indlela yabo ukugqobhoza, baza bamzisela la manzi okusela. Kodwa umphefumlo unxaniwe . . .

<sup>205</sup> Umzimba wakhe, wayephezulu phaya, mhlawumbi kwafanela asele nakwintoni anokuyifumana, ezinye iintsuba ezindala zebhokhwe nezinto, kunye nashushu amanzi amadala ngaphakathi, kula mhla ushushu. Wacinga, “Ukuba nje ndingangqengqa ndikholise olu nxano endinalo! Ukuba nje ndingehlela ndiye phaya eBhetelehem ndize ndingqengqeqe ngakulamthombo, ndize ndisele!”

<sup>206</sup> Kwaye xa behlayo baza bafumana amanzi, bawazisa, unxano lomphefumlo wakhe lwaba lukhulu, hayi ngenxa yeBhetelehem, kodwa ukusuka eYerusalem; umphefumlo wakhe wawulapho. Ngoko wanikezela ngamanzi, wathi, “Andinakho nokuwasela wona.” Wawagalela phezu komhlaba. Yabona, umphefumlo wakhe wawunxanelwe kakhulu uThixo, kunokuzonelisa ukukholisa olungileyo . . . unxano lwakhe lomzimba wakhe, ngapholileyo alungileyo amanzi. Wawagalela emhlabeni.

<sup>207</sup> Yabona, iNdlu kaThixo, amanzi aphilisa umphefumlo aseYerusalem, leyo ingentla! Wathi uYesu, kuYohane 6:33, “Ndisiso, iSonka soBomi. NdisiSonka soBomi.” *IBhetelehem*, “indlu kaThixo,” ibandla lethu, ibandla lasemhlabeni likaThixo, ibandla elilapha emhlabeni. Siyathanda ukuya ecaweni apha emhlabeni, kodwa inkulu iYerusalem, leyo ingentla, leyo inguThixo. IYerusalem ngasentla, enguThixo! Lukhulu unxano lwaloo mphefumlo, ukuba lapho kunye Naye, kunokuba beyakuba nje kukwanelisa isiqu sakhogokujoyina icawa ndaweni ithile. Yabona, ukujoyina icawa akonelisi olwanxano. UDavide wayingqinisisa apha, amanzi aphuma kanye endlwini kaThixo, yabona, wawagalela phezu komhlaba; ukufumana igwiba, ukufumana okupholileyo ukusela kusuka kuThixo. Nkqu noko . . . Olukhulu ngaphezu konxano olukuwe, lolwa nxano lomphefumlo unxanelwa uThixo.

<sup>208</sup> Qaphela Yerusalem, igama. “Yerusalem isuka ngasentla,” IBhayibhile ithe, “ntoleyo esiyi . . . nguNina wethu sonke.” Kwaye uKristu nguMama wethu. Siyaqonda ukuba uThixo nguMama wethu, ngokuba sizalwa Nguye. Igama lithetha nje “uxolo,” Yerusalem, *Shalom*. Okanye, *Shalom*, othetha “uxolo,” Jeru-shalom, yabona, ithetha “uxolo.”

209 Kufanela lube lukhulu unxano lawo nawuphi umphefumlo, ukunxanelwa amanzi oBomi, kunokuthi ungowebandla; unxano lomphefumlo alunakwaneliswa, unxano lwenene oluyinyani. Lungagqwetheka. Ungacinga ulungile xa ujoyina icawa, kodwa lonto asiYiyo. Lonto ayisokuze yanelise olwenene olungcwele unxanelo uThixo. Ayisokuze nje ngokulula ikwenze. Yona nje. . . Ayikho phaya.

210 Ngoku wathi uDavide, kwiiNdumiso 42:7 apha, “Xa inzulu ibiza kwiNzulu, ngesandi sengxangxazi Zakho,” umphefumlo uyabiza.

211 Jonga, ndasoloko ndisebenzisa oku kungomzekeliso. Ukuba kukho iphiko emqolweni wentlanzi, kufanela labekwa phaya ukwenzela yona idade ngalo. Inesidingo soko. Ngoku kungathini ukuba ingathi, “Ndizakuba yintlanzi eyahlukileyo. Ndizakuba yekrelekrele, efundileyo intlanzi. Uh-huh, ndi—nje ndiya. . . Ndizakukholelwa okwenene kwezakwalizwi! Ndiyakholwa akudingeki ndibe nelaphiko”? Ayisayi kuya kude emanzini, akunjalo? Kwaye kunjalo ngqo oko.

212 Kungathini ukuba umthi ungathi, “Ngoku, ndiyazi kufanele kubekho umhlaba kuqala, ukwenzela mna ndikhule kuwo. Injalo lonto. Ndifanele ndikhulele emhlabeni. Kodwa ndizakuba ngumthi owahlukileyo, ndifuna bona bandibeke phandle apha embindini wesitrato, ukuze ndiqwalaselwe”? Yabona, awuyi kuphila xesha lide. Yabona? Injalo lonto.

213 “Xa inzulu ibiza kwiNzulu”: Kuthatha ngaphezulu kokujoyina icawa. Kuthatha ngaphezulu kokuxhawulana izandla kunye nomshumayeli. Kuthabatha ngaphezulu kokuphila obulungileyo, obuthe tye ubomi. Kuthabatha into ethile ukwanelisa ingaphakathi lakho, oko kuhla kuphuma kuThixo, kuye emphefumlweni. “Inzulu ibiza kwiNzulu, ngesandi senxangxazi Zakho, Owu Nkosi. Inzulu ibiza kwiNzulu!”

214 Loluphi uhlobo lonxano esinokucinga ukuba lwalukuthi ngobubusuku? Thina, njengabantu bakwaMoya, kuphi apho siya khona? Luhlobo olunjani lonxano olungaphakathi kuthi? Luhlobo olunjani lonxano olungaphakathi kum? Luhlobo lunjani lonxano olukuwe? Sukuzama ukulizolisa olwanxano lungcwele lunxanelwe uThixo.

215 Kwiminyaka eyagqithayo, xa babeqhele ukuba negolide phandle apha ezintabeni. Ndafunda ibali, kwiminyaka emininzi eyagqithayo, lasoloko lindihleli. Lithi kwakukho i—ingqawa-zimbiwa yaphuma apha ndaweni ithile ngaphaya kweentaba apha, kwaye wangqawa igolide, waza wafumana ibango elityebileyo. Waza wabuya, ecinga; xa efika esixekweni, into ayakuba eyiyo, iingxaki zakhe zaziphelile. Kwaye—kwaye wa—wazama uku—ukuthi, “Ngomso

ndiyakungena ndize ndi...” Nje uhambo losuku olunye, uyakube esesixekweni, kwaye uyakube enegolide. Kwaye wayenesaka leengxowa lizele yiyo.

216 Waye enenja kunye naye. Hayi ukuthelekisa ngokuinja kuMoya oyiNgcwele, kodwa njengoko ndisenza isiboniso. Kodwa lenainja... .

217 Ngobusuku, ingqawa-zimbiwa yalala phezu kwebhedi yayo, yaza—yaza yaqalisa ukucinga, “Ngoku, ngomso ndiza—ndizakungenisa yonke igolide yam, kwaye ndiyakuba koko nje bendisoloko ndifuna ukuba kuko. Nda—nda—ndasoloko ndifuna ukuba yindoda etyebileyo. Nda—ndasoloko ndifuna ukuba nezinto ezintle, nanjalo njalo.”

218 Kwaze—kwaze emva koko le nja yaqalisa ukukhonkotha, kwaye ngoba kwakukho utshaba oluzayo. Yaza ya—yaphumela ngaphandle apho, yaza yathi, “Thula!” Yaza keinja yathi cwaka. Kwaye akukho ngaphezu kokubuyela ebhedini, yaqalisa njengoko yayizakulala, yazainja yaqalisa kwakhona, ixhuma nje etyathangeni. Yaza yaya emnyango kwakhona, yathi, “Thula! Ndifuna wazi ukuba ngomso ndizakuba yindoda esisityebi, yabona,” kwaye lawo yayingamaphupha ayo amakhulu. Kodwainja yaqalisa ukukhonkotha kwakhona.

219 Kwaza ekugqibeleni, watyhafiswa kakhulu, wahamba wayakuthatha umpu wakhe omncinci wayidubulainja, wayibulala. Wathi, “Andisokuze ndiphinde ndibe namsebenzi nawe, nakanjani. Ngomso ndisisityebi sendoda. Ndiyakuba sisityebi sendoda, ngomso.”

220 Yaza yabeka umpu phantsi ekoneni, yajika yazela umnyango ngomqolo, yaya kulala. Kwaye indoda ibimlandela, iintsuku, yanyebeleza yambulala. Wayengesosityebi, yabona, wayekisa langxolwana ilumkisayo eyayizama ukumxelela ukuba ubomi bakhe busemgciphekweni.

221 Kwaye, mzalwana, dade, akusokuze ubenakho u... . Ungaze uzame ukulizolisa olwabizo lungcwele entliziyweni yakho, yabona, ngokujoyina icawa, ngokucengezeza imfundiso, ngokuzibandakanya kumbutho othile.

222 Kukho kuphela enye into enokulanelisa, lowo nguMntu, uYesu Kristu. “Njengexhama litsalela kumfula wamanzi, wenjenjalo umphefumlo wam ukunxanelwa Wena, Owu Thixo. Umphefumlo wam unxanelwe uThixo ophilayo!” Yabona, kukho into kuwe, efuna ukubona intshukumo kaThixo. Umphefumlo wakho unxanelwe Yona. Ungami nganeno kwa Lonto.

223 Sukuvumela umalusi othile akuxelele, “Kufanele nje uxhawule isandla sakhe, ujoyine icawa, okanye ube ngowalo mbutho.” Sukuyibulala laa nzolo ingcwele. Iyakulumkisa. Enye imini iyakufika xa uyakufikelela ezantsi esiphelweni sendlela.

224 Njengenekazi elincinci esixekweni sethu esisuka kuso. Waxelela i...Intombazanana encinci yenyuka yaya phaya ecaweni, kwaye encinci elunge kakhulu intombi. Kwaye yayisihla ngesitrato. Yayineenwele ezinde, uyazi, kwaye iinwele zayo zitsalelwe ngasemva ngathi bubutyibilizi betswela elichutyiweyo, phantse, kwaye ubuso bayo bukhangeleka...bungaqatywanga ziqabi. Kwaye le ntombi yayithanda ukuhlekisa ngayo, lathi, "Ukuba ubungenaye lowa ntloko-iscaba womshumayeli ninaye phezulu phaya," ethetha ngam, lathi—lathi, "ubungajongeka njengento ephucukileyo. Kodwa ujongeka okwento ephuma kwivekile yezinto zakudala." Kwaye, owu, lamrhugula nje phezu kwamalahle, ngalo lonke ixesha lalinokumbona ngalo ngolwa hlobo. Wathi, "Umalusi wethu uphangalele ngengqondo." Lathi, "U—u—uyabazi bona. Okuya, kutheni uthanda okuya? Okuya akuthethi kwanto, indlela onxiba ngayo ncinga ngayo." Iyayenza! IBhayibhile kaThixo ithi iyayenza. Kufanele siphile ngeLizwi lonke!

225 Ke le ntombazanana zange ihoye nakancinci kuye, yaqhubeka. Iyimishinari ngoku.

226 Ke ngoko eli—elinenekazi lincinci lafumana isifo sabantu, laza lafa. Umhlobo wam wafaka isiqholisi zidumbu kulo xa lalisifa. Wandixelela, wathi...Emva kokuba efile, waqhubeka enukiselwa incindi. Wayegqobhokile ecaleni, isifo sabantu. Babengenakho nkqu...Nkqu nabazali bakhe babengazi okungalunganga ngaye. Kwaye wafa. Kodwa phambi kokuba afe... .

227 Wayefundisa isikolo seCawa. Kwaye lonke elincinci iqela lakhe lesikolo seCawa leza, lalifuna ukumbona xa wayesiyi eZulwini, iiNgelosi zisiza kumka naye. Kwaye umalusi wakhe ngaphandle, etshaya umdiza, esihla enyuka ngehlo esibhedlela. Kwaye bonke babeza kucula xa wayezakufa, uyazi. Babesazi ufanele afe. Oogqirha bathi wayesifa, ke bonke babezakubona iiNgelosi zisiza, zimthathe zimke naye.

228 Kwaye ngaxesha linye, xa wayejamelene noqobo! Ngoku, wayelilungu elithembekileyo lebandla, wayengumfundisi wesikolo seCawa, kunye nelungu elithembekileyo lebandla elihle elikhulu lecawa yobuhlelo. Kodwa xa waqala ukusokola, ukufa kwambetha; amehlo akhe adumba, waza wathi, "Ndilahlekile!" Wathi, "Ndilahlekile! Hamba, ubize umalusi!"

229 Wabeka umdiza wakhe, wangena ngaphakathi, wathi, "Nanku, nakhu! Nanku, nanku! Sizakubiza ugqirha akuhlabe inaliti."

230 Lathi, "Andifuni naliti." Lathi, "Wena mlahlekisi wabantu! Ndiyafa, kwaye ndiya esihogweni. Kwaye ndilahlekile ngokuba usilele ukundixelela iNyaniso. Hamba uyekubiza leya incinci intombi kaGoodhue, uze uyizise apha kum, ngokukhawuleza. Iyichanile."

<sup>231</sup> Linda ude ujongane nondoqo kube kanye. Sukuzama ukunqanda lanzolo ingcwele. Sukuyidubulela kude Yona ngezanamhlanje, ezemfundo, edubula ngembumbulu ezimbini ngaxesha linye umpu omncinci. Phula phula kwesa silumkiso sikaMoya oyiNgcwele, ngobubusuku, olumkisa wena, “NdiyiNdlela, iNyaniso, kunye noBomi; akukho mntu uzayo kuBawo, kuphela ngaM.” Kwaye UliLizwi.

Masithobise iintloko zethu okwethutyana.

<sup>232</sup> Ndifuna ukucaphula libe linye ngaphezulu iLizwi leNkosi uYesu, ngelixa nisacinga malunga nayo. Wathi uYesu, kuMateyu 5, “Banoyolo abo balambileyo kwaye benxaniwe.” Kusikelelekile nkqu nokuba nolwanxano kuwe. Ingaba ukhe wafika kwindawo apho eyakho—eyakho—eyakho inkqubo iye yangcoliseka ngobuhlelo, kunye nabanquli neziduko, nezinto, imiyalelo emincinci yecawa, ezentlalo, njengokujoyina iindawo zokuphumla, nanjalo njalo, ukusuka kwicawa ukuya kwicawa? Ingaba umtyholi ukwazile ukubeka la manzi ongcoliseko, kwaye ugxampuza uphuma kuwo, njengehagu edakeni? Xa, ungazi nkqu luyintoni olwenene ukholiseko lonxano lukaThixo; ukumbona Yena, inene, ngoMoya oyiNgcwele uphila kuwe, kwaye uzibonakalisa. Ukuba u—ukuba ungalondlela ngobubusuku, ukuba usanxanelwe uThixo, mandikuxelele:

Kukho uMthombo uzele liGazi,  
 Utsalwa kwimithambo ka-Imanuweli,  
 Apho aboni banyhalwe phantsi  
 kwempuphuma,  
 Isusa lonke ibala labo longcoliseko.

Ela sela lifayo lavuya ukubona  
 Laa Mthombo ngomhla walo;  
 Apho mna, nakubeni ndingcolile,  
 Wahlamba wasusa zonke izono zam.

Ukusukela ngoko ngokholo ndabona lamjelo  
 Elaa nxeba limpompozayo linika,  
 Uthando oluhlangulayo libe ngumxholo wam,  
 Kwaye liyakuba njalo de ndife.

<sup>233</sup> Ukuba unelanxano ngobubusuku, lokwazi ngakumbi ngoThixo, nokusondela kufuphi kuYe, ungaphakamisa nje isandla sakho ngoku? Ngelixa yonke intloko iqutyudiwe, uthi, “Ndithandazele.” Owu Thixo, jonga izandla!

<sup>234</sup> Ngaphandle elizweni apho usasazo luzayo ngoku, ukusuka eMpuma, eNtla, eNtshona, eZantsi, nina kumagumbi, phakamiselani izandla zenu kubalusi nantoni na elapho, eniyinqwenelayo; nina, into ethile kuni, enxanelwe uThixo. Olwa nxano lungcwele!

235 Sukulwanelisa . . . Owu, uthi, “Mzalwana Branham, ndakhe nda—ndakhwaza. Ndidanisile ndikuMoya.” Musa, musa, musa ukuyithatha lonto. Hayi.

236 Linda de okwakonliseka kufike, ukwaneliseka kweSabelo sokuphelela kukaMoya oyiNgcwele kungena ngaphakathi, emva koko ezi ntsimbi zovuyo zikhalayo, nokuthetha ngeelwimi, nokudanisa kuMoya, ziyakuza. Akusayi kufuneka ukuba uzenze ngomculo. Uyakuzenza xa usihla ngendlela, emotweni yakho. Uyakuyenza xa utshayela umgangatho. Uyakuyenza xa ubethelela izikhonkwane eludongeni, kunye nomsebenzi wakho wokuchwela. Naphina apho ukhoyo, olwaVuyo lungathethekiyo kwaye luzele luzuko!

Ngoku masithandaze.

237 Bawo waseZulwini Othandekayo! Omde, obanzi, otsalwayo, lo mncinci uMyalezo ngobubusuku, kodwa, Thixo Othandekayo, wanga uMoya Wakho oyiNgcwele ungazisa i—intsingiselo kuyo yonke intliziyo. Ngqo apha kwelibandla, ngobubusuku, bekukho nje aphindiweyo amanani ezandla phezulu, yonke indlela ngokujikeleze iindonga naphina. Si—siyathandaza, Thixo othandekayo, ngabo. Owu, sanga esaSabelo sanelisayo sikaThixo (onguKristu, iThemba loZuko, iThemba loBomi, kuni), langa Lingeza kuye ngamnye wabo.

238 Kude ngaphandle ngokunqumleze isizwe, ukusuka eCalifornia, kude ukunyuka eNew York ngoku, apho kusekuseni, baphulaphule phezulu phaya; ngaphaya e—eNew Hampshire, nasezantsi kuyo iBoston, konke ukuhla ngeTexas, ukuya e-Indiana, ngaphandle eCalifornia, najikelele. Owu Thixo, jonga ezo zandla; jonga okungaphantsi kwazo, Nkosi, laa ntliziyo phaya elambileyo kwaye inxaniwe.

239 Lo mhla ugqwethekileyo, apho umtyholi ewamfamekisile amehlo abantu, nje ukuba bajoyine icawa, baze bathi, “Kuphela kwento oyidingayo.” Kwaye futhi basajonga kwiziqu zabo baze babone indlela abenza ngayo, nomnqweno abanawo wokufana nehlabathi.

240 Xa, iBhayibhile isixelela, “Ukuba nkqu sithi sithande izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho tu kuthi.”

241 Cinga nje, Bawo, indlela okugqwetheke ngayo apho anokwenza eliya lenene linyanisileyo iLizwi, indlela abanokutsho ngayo, “Owu, siyayikholelwa iBhayibhile, kodwa hayi *Oku*. Asikukholelwa *Oku*. Sikholelwa ukuba *Oku* kwakukokwesinye isigaba. Sikholelwa ukuba *oku* koKuya,” ngokuba, amanye amahlelo ajije iingqondo zabo azisa kulomgxobhozo.

242 Xa, wathi uYesu, “Nabanina oyakususa libe linye iLizwi kuLo, okanye ongeze libe linye igama kuLo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi.”



243 Thixo Othandekayo! Cinga ngokuphoxeka phaya eMgwebeni, xa abantu bephile ngokulungileyo, cocekileyo, ubomi obungcwele, baya ecaweni ngokuthembeka ababenakho, kwaye balahleke.

244 Cinga ngabo baFarisi, indlela, ukusuka kubukhwenkwe obuncinci, baqeqeshwa eLizwini, benyuka ngezikolo nayo yonke into, bengcwele (babefanele, okanye babeyakuxulutywa ngamatye babulawe), kwaye uYesu wathi, “Ningabakayihlo wenu umtyholi.”

245 Indlela la Sirayeli wehla ngayo phaya! Kwaye yenza oku kube sisilumkiso kwabakwaMoya, Nkosi, ngokunqumleze umhlaba. Indlela la Moses, umprofeti, wehla ngayo ukuya eYiphutha, ukuya kuzalisekisa iLizwi likaThixo, ukuzisa ukukhanya kwangokuhlwa kubo! Indlela abayibona ngayo imimangaliso emikhulu kaThixo! Indlela abamlandela ngayo, bawela uLwandle oluBomvu, babhaptizelwa kuye, baya entlango baze batya ukutya kweeNgelosi okwawa kusuka eZulwini. Baze emva koko bala ukuthatha lonke iLizwi, xa babuyela eKadesh-bhaneya. . . baya eKadesh-bhaneya, ukusuka kwi—ukusuka kwilizwe lesithembiso, bathi, “bafana neengxilimbela; asinakuyenza.” Ngelixa, uThixo wathi, “Sendininikile umhlaba”! Umda! Wathi uYesu, “Bonke, ngamnye kubo, batshabalele. Bafile,” balahlekile, ngaphandle koThixo, nangona bazenzileyo zonke ezi zinto. Bayibonile le mimangaliso; bayivuyela, bangqungqa ukunyuka besehla ngonxweme, noMiriyam, xa babebetha ithamborina. Kwaye kuphela isithathu, kwizigidi ezibini, bangena.

246 Siyaqonda, Bawo, ukuba xa imbewu, iiseli zemfuzo ezisuka endodeni nasebhinqeni, zihlangana, iba nye kuphela, kwisigidi, ethi yamkelwe. Imbewu enye esuka endodeni ifumana iqanda elichumileyo lomfazi, ibhinqa, kwaye izigidi zezinye ziyatshabalala.

247 Kukho isigidi, izigidi ezibini, ziphuma eYiphutha; ababini, uYoshuwa noKhalebhu, bangena kumhlaba. Omnye kwisigidi. Bawo, ndi—ndiyangcangazela xa ndicinga ngoko. Cinga, ukunqumleza ilizwe namhlanje, amakhulu amahlanu ezigidi zamaKristu, oko kuya kuba ngamakhulu amahlanu ukuba Ubuyakuza namhlanje. Owu Thixo, masikhumbule ukuba lonke iLizwi likaThixo limile, isikhumbuzo. Kufanele silikholelwe Lona. Kufanele silithobele Lona.

248 Kwaye xa Wathi, “Guqukani, nonke ngabanye kuni, nize nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, nabo baninzi iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.” Kwaye, Thixo, Usabiza, ngobubusuku, kwaye idinga lide nje okoko Usabiza.

249 Kwaye abefundisi bazijijile iingqondo zabo bantu, bazikhokela ngemfundo, ngesikolo sobuhlelo bezakwalizwi,

kwinto yokuba bathi, “Owu, kholelwa nje.” Umtyholi uyakholwa naye, kodwa akanakwamkela uMoya oyiNgcwele. UYuda Skariyoti waye li...wenza yonke i—into, abafundi ababeyenzile, ukushumayela iVangeli; kodwa xa kufika ixesha lokuba afumane uMoya oyiNgcwele, wabonisa imibala yakhe.

<sup>250</sup> Thixo, banga abantu bomhlaba ngobubusuku bangaqonda ukuba, ngaphandle kwala mava, balahlekile. Kwanga kungaba ngobubusuku bokuba imiphefumlo yabo iyakoneliswa siSabelo Sakho, Nkosi, njengoko sibanikela esandleni Sakho. Bangabakho Wena, Nkosi. Sinoxanduva nje lweLizwi. Ndiyathandaza ukuba bayakukholwa ngentliziyo yabo yonke, kwaye bazaliswe nguMoya oyiNgcwele. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye wathenga usindiso lwam  
Emthini weKhalvari.

<sup>251</sup> Owu, ingaba USisabelo sakho esanelisayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Owu, bethu! Nimthanda Yena ngentliziyo yenu yonke? [“Amen.”] Ngoku, wona aMazwi ngamanye amaxesha ayaxabela, kodwa masicule nje kuMoya ngoku, yabona, wonke ngamnye kuthi ngoku. Masixhawule izandla kunye nomzalwana ohleli ecaleni kwakho, udade, uze nje uthi, “UThixo akusikelele, mphambukeli,” njengoko siyicula kwakhona. [UMzalwana Branham uxhawula izandla abantu.]

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye wathenga usindiso lwam  
Emthini weKhalvari.

<sup>252</sup> Ngoku sixhawule izandla omnye nomnye. Ngoku masivale nje amehlo ethu sicule kuMoya, siphakamisele izandla zethu kuYe.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye wathenga usindiso lwam  
Emthini weKhalvari.

Owu, Akangomangalisayo?

Mmangaliso, mmangaliso, uYesu yilonto kum,  
UMcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo  
uSomandla nguYe;  
Owu, uyandisindisa, uyandigcina kuso sonke  
isono nehlozo,  
Ummangalisi nguMhlanguli wam,  
malibongwe iGama Lakhe!

Owu, mmangaliso, mmangaliso, uYesu  
 yilonto kum,  
 UMcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo  
 uSomandla nguYe;  
 Uyandisindisa, uyandigcina kuso sonke isono  
 nehlazo,  
 Ummangalisi nguMhlanguli wam,  
 malibongwe iGama Lakhe!

<sup>253</sup> Owu, ingaba uyavuyiswa malunga namava akho  
 ngoKristu? [IBandla liyavuya, “Amen.”—Mhl.] AkanguYe  
 omangalisayo? Akanelisi Yena?

Ndandilahlekile, ngoku ndifunyenwe,  
 ndikhululwe ekugwetyweni,  
 UYesu unika inkululeko nosindiso  
 olugcweleyo;  
 Uyandisindisa, uyandigcina kuso sonke isono  
 nehlazo,  
 Ummangalisi nguMhlanguli wam,  
 malibongwe iGama Lakhe.

Owu, mmangalisi, mmangaliso, uYesu yilonto  
 kum,  
 UMcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo  
 uSomandla nguYe;  
 Owu, uyandisindisa, uyandigcina kuso sonke  
 isono nehlazo,  
 Ummangalisi nguMhlanguli wam,  
 malibongwe iGama Lakhe!

<sup>254</sup> Niyakholwa ukuba oko kusiSibhalo? [IBandla lithi,  
 “Amen.”—Mhl.] IBhayibhile ithe, “Qhwaba izandla zakho.  
 Yenza ingxolo yovuyo eNkosini.” Niyazi, ndasoloko ndifuna  
 ukudlala umculo. Intombi yam, uRebekah, ufunda ipiyano.  
 Inkwenkwe yam encinci ifunda ixilongo. Kodwa nda—ndakhe  
 ndafunda isixhobo seentambo ezilishumi. [UMzalwana  
 Branham uqalisa ukuqhwaba izandla zakhe.]

Mmangaliso, mmangaliso, uYesu yilonto kum,  
 UMcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo  
 uSomandla nguYe;  
 Uyandisindisa, uyandigcina kuso sonke isono  
 nehlazo,  
 Ummangalisi nguMhlanguli wam,  
 malibongwe iGama Lakhe!

Ingaba niyamthanda Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya  
 okuhle,  
 Yiza apho amaqabaza ombethe wenceba  
 aqaqambileyo;  
 Abengezela konke ukusijikeleza emini  
 nasebusuku,  
 UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya  
 okuhle,  
 Iza apho amaqabaza ombethe wenceba  
 aqaqambileyo;  
 Abengezela konke ukusijikeleza emini  
 nasebusuku,  
 UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

<sup>255</sup> [UMzalwana Branham uyaqalisa ukungqumshela, “UYesu, ukuKhanya kwehlabathi,” emva koko ibandla liyangqumshela nalo kunye naye—Mhl.] Dumisa uThixo ngento yonke onayo.

Xa abangcwele behamba bengena,  
 Xa abangcwele behamba bengena,  
 Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa abangcwele behamba bengena.

Owu, xa bemthwesa Yena iNkosi yako konke,  
 Xa bemthwesa Yena iNkosi yako konke,  
 Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa bemthwesa Yena iNkosi yako konke.

Owu, xa ilanga lisala ukukhanya,  
 Xa ilanga lisala ukukhanya,  
 Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa ilanga lisala ukukhanya.

<sup>256</sup> Niyakuthanda oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku andazi nokuba ziguqukile na iinyawo zenu, anisadanisi kwakhona, ngaphandle phaya elizweni? Yabona? Masingqubanise iinyawo zethu, sizibethela iNkosi, sizenzela iNkosi. Wena, ingaba izandla zakho ziguqukile, akusabi kwakhona? Imilebe yakho iguqukile, akusaxoki kwakhona? Sukuba ngowenkolo entlokweni yakho, yigqithise kuwe. Yilonto. Kuthabatha indoda epheleleyo. Injalo lonto. Ngoku masingqubanise iinyawo zethu.

Xa abangcwele behamba bengena,  
 Xa abangcwele behamba bengena,  
 Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa abangcwele behamba bengena.

Owu, xa abangcwele behamba bengena,  
 Xa abangcwele behamba bengena,  
 Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa abangcwele behamba bengena.

Ngoku masiphakamise nje izandla zethu.

Xa abangcwele behamba bengena,  
 Xa abangcwele behamba bengena,  
 Owu Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa abangcwele behamba bengena.

Xa bemthwesa Yena iNkosi yako konke,  
 Xa bemthwesa Yena iNkosi yako konke,  
 Nkosi, ndifuna ukuba kwelanani  
 Xa bemthwesa Yena iNkosi yako konke.

<sup>257</sup> Animthandi Yena? [IBandla liyavuya, “Amen! Uzuko! Haleluya!”—Mhl.]

Ngoko siyakhamba ekuKhanyeni  
 (UkukuKhanya, niyazi), KukuKhanya  
 okuhle,  
 Kuphuma apho amaqabaza ombethe wenceba  
 aqaqambileyo;  
 Kakhle, abengezela konke ukusijikeleza  
 ngemini nangobusuku,  
 UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

<sup>258</sup> Niyakholwa UkukuKhanya kwehlabathi? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa? Wathi uPawulos, “Xa ndicula, ndiyakucula kuMoya. Ukuba ndiyadumisa, ndiyakudumisa kuMoya.” Yabona, nantoni oyenzayo, yenze yonke kuMoya. Injalo lonto. Kwaye uMoya uzisa iLizwi eBomini. Ingaba injalo lonto? Injalo lonto. Ewe, mhlekazi.

Nonke bangcwele bako ukuKhanya babazani,  
 UYesu, ukuKhanya kwehlabathi;  
 Ubabalo nenceba eGameni Lakhe,  
 UYesu, ukuKhanya kwe . . .

Ngoko yintoni esiyenzayo?

Siyakhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya  
 okuhle,  
 Yiza apho amaqabaza ombethe wenceba  
 aqaqambileyo;  
 Abengezela konke ukusijikeleza emini  
 nasebusuku,  
 UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

<sup>259</sup> Uxolo ngokubhidisa nina badlali, ngolwahlobo, kodwa ndiye ndathabatheka nje. Andazi okungcono ngaphezu kokudumisa. Leyo yindlela oyenza ngayo. Ewe, mhlekazi. Ndinombongo ngelithuba, Mzalwana Mack, lokuza nokuba nobudlelwana nawe kunye nebandla lakho apha ngobubusuku, bonke aba bantu balungileyo.

<sup>260</sup> Kwaye nina niphakamise izandla zenu ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ndiyathemba niyakudibana noMalusi Mack apha, okanye abanye babo, nize nibuyele egumbini apha. Kwaye nikhumbule nje, xa uThixo ethetha iLizwi ekuqalekeni, kwaye wathi “makubekho,” kwafanela kubekho! Kwaye Wathi, “Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba bayakuhluthiswa bona.” Yabona, ifanele yenzeke. Yiza kutyelela umalusi wakho apha, uze ume ngakuye njengoko eshumayela iVangeli.


<sup>261</sup> Ngoku masicule kwakhona laa ngoma indala imnandi, ndiyayithanda nje yona, “Siyakuhamba ekuKhanyeni.”

<sup>262</sup> Wathi uYesu, “NdikukuKhanya,” kwaye ukuYe. Yabona? Ufika njani kuYe? Ngokumjoyina Yena? Hayi. Ngokuxhawula? Hayi. Ngobhaptizo lwamanzi? Hayi. “NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye, lowo unguMzimba kaKristu.” Kwaye kula Mzimba kukho izipho zikamoya ezisithoba zisebenza ngomzimba wendawo, ibandla lendawo. Oko bubupostile, ukuba ndandikhe ndazi ngayo. Injalo lonto.

Ke siyakuqhubeka ekuKhanyeni,  
ekuKhanyeni okuhle,  
Kuza apho amaqabaza ombethe wenceba a . . .

[UMzalwana Branham uthetha noMalusi Mack—Mhl.]  
Kulungile! . . . ? . . .

Bengezela konke ukusijikeleza imini  
nobusuku . . .

[UMzalwana Branham uthetha noMalusi  
Mack—Mhl.] Bekukuhle ngenene! [UMzalwana Mack uthi,  
“Enkosi, mzalwana. Enkosi.”] 

### UNXANO XHO65-0919

(Thirst)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa ngokuhlwa, ngoSeptemba 19, 1965, eGrantway Assembly Of God eTucson, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2015 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)